## IMIBONO, IINJONGO, IMINQWENO NEZICWANGCISO ZAMACEBO

Xa kufikelelwa ku2030 iHarry Gwala District Municipality iyakube inkqenkqeza phambili ngobonelelo ngamanzi kwiPhondo iKwaZulu-Natal. Uluntu luyakube lungcamla ngamandla kwezolimo nokhenketho.

## ISICWANGCWISO ESIQULATHIWEYO

Isebenzisana nabantu nabanye ababandakanyekayo iHarry Gwala District Municipality Iyakuqinisekisa ukubonelela ngamanzi acocekileyo, aselwayo angapheliyo neendawo zogutyulo ngokunjalo enze iinzame zokuphucula amacandelo ezolimo nokhenketho ukuze Impilo nentlalo yabantu ibengehloniphekileyo inangakumbi.

## ISISEKO SEMIGQALISELO ENGUNDOQO

Ukutyhileka • Ukubonakala Ngengxelo • Ukusabela Izimvo • Ukuzimisela nokunyaniseka



# Isiqulathiso


| | |
|---|---|
| Amazwi Omhleli | 04 |
| Amazwi esikhokelo ka-Sodolophu | 05 |
| Amazwi oMphathi ka-Masipala | 07 |
| IBhunga kunye neeKomiti | 08 |
| Usodolophu ucela ungenelelo olungcwele emva kokusutywa kwemiphefumlo eyi13 | 10 |
| IMarathon yaseHarry Gwala izakukhulisa ezoqoqosho | 12 |
| Kunikezwe ngohlahlo lwabiwo mali lonyaka mali wama2022/23 | 14 |
| Ceba Mdunge: Ukunakekela abangathathi ntweni akufanelanga ukuba luxanduva lukarhulunte kuphela kodwa namaqumrhu abucala... | 16 |
| Uqeqesho lokuphuhlisa izakhono zooceba nabasebenzi bakaMasipala | 18 |
| Kuthiwe ndlelantle nangesithozela kuMandisa Sebenza | 19 |
| Iinkokheli ezisebenza nzima zaseHarry Gwala zityelela iiprojekthi | 20 |
| Sodolophu: “Iqala kubazali, kuqala...” | 21 |
| “Masenze okungileyo, nokuba akukho mntu ojongileyo” | 22 |
| I-CEO yeHarry Gwala Development Agency igaleleke ngesantya esikhulu | 24 |
| Usodolophu Nxumalo ubhunga neenkokheli zemvelo | 25 |
| Inkqubo Yokubonelela Amanzi eHighflats | 26 |
| Ucweyo leBatho Pele / Iprojekthi Yokukhusela Entshasako | 27 |
| Iiprojekthi ze-WSIG | 29 |
| Inkqubo Yesophulelo | 32 |
| Ucweyo loluntu | 33 |
| Imbizo yoluntu kuMasipala wesiThili iHarry Gwala | 34 |
| Indawo yokusebenza enempilo | 35 |

AMAZWI OMHLELI

# Ukuhanjiswa kweenkonzo nohlelo oluzayo lonyaka wama2022/23



**UMnu uNdabezitha Tenza**
Umphathi Wezokuxhumana

SIYANAMNKELA kwakhona kushicilelo lwethu olunika ingxelo ngeenkqubo zeeprojekthi njengoMasipala wenu wolawulo lwamanzi nogutyulo. Olu nxibelelwano lugxile kwiiprojekthi esele zigqityiwe kwanezo ezisaqhubeka. Likwanika ingcaciso ngeentlelo, ingxelo ngeenkonzo eziqhubekayo ngoko hlahlolwabiwo mali lomnyaka wama2022/23.

Ngaphandle koko, sinazisa ngeenkqubo zikaMasipala enjongo zazo ikukuphuhlisa abasebenzi bakaMasipala, nokunazisa ngenkqubo zenkuthazo ngokwahlukana kwazo ngokweenyanga nemixholo yawo.

Kubekhona amacweyo amaninzi enjongo zawo ikukufundisa bonke abasebenzi ngonxibelelwano. Nanjengoko unxibelelwano lubalulekile kuzo zonke iindawo, nokuba ziindawo zoluntu okanye zabucala, kubalulekile ukuba abasebenzi baqeqeshwe njalo ngemiba echaphazela unxibelelwano. Kwiindawo zoluntu, unxibelelwano sisixhobo esibalulekile solwawulo esidlala indima ebalulekile ukukhetha indlela eyiyo yokuhanjswa kweenkonzo.

Umthetho wophuhliso lwezakhono ulungiselela ukwakhiwa kolwazi kubasebenzi balo naliphi na iqumrhu. Ukusabela olo bizo, isebe leenkonzo zemisebenzi lifundise abaphathi kwicandelo lezoshishino kunye nabasenzi kuwo wonke amacandelo kweYeSilimela 2022. Ooceba bakaMasipala nabo bafundiswe ngolwazi lokuchwetheza iikhompuyutha. Isebe leenkonzo zamanzi (unakekelo loluntu) nalo lubambe ucweyo lemithetho ye Batho Pele, nalapho abasebenzi bekhunjuzwe ngokubaluleka kwendima yemithetho yeBatho Pele kuhanjiso lweenkonzo. Njengelizwe elikhulayo, urhulumente wethu ukhethe imithetho esibhozo encedisa ekuhanjisweni kweenkonzo eluntwini. Ukubonisana yenye yemithetho esibhozo yeBatho Pele efundiswe abasebenzi baseHarry Gwala. Ubuchule balo mthetho wokubonisana kukuthi kufanele kubonisanwe nabantu malunga neenkonzo ezizakuziswa kubo ngurhulumente kwaye ezo nkozo kufanele zibe sisisombululo kwizidingo zabo. Ukuba iinkonzo aziso sisombululo kwizidingo zoluntu, kubakhona ukungaboni ngaso linye phakathi kwamaziko karhulumente noluntu, nokukhokhelela kuqhankqalazo lwanaphakade. Kubalulekile ukuba abasebenzi baxhotyiswe rhoqo ukunqanda uqhankqalazo olungadingeki lokuhanjiswa kweenkonzo.

Njenge nxalenye yesimo sophuhliso urhulumente wethu usungule iiMbizo njengendlela yokubandakanya uluntu. IiMbizo zithathwa njengesona sixhobo esisetyenziswa ngurhulumente ukuxhumana noluntu ubuso ngobuso. Kutshanje besibambe Imbizo kumabala ezemidlalo iKromhoek, kwaWard 20, ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu, nalapho usekela mphathiswa wesebe lezokuhlaliswa koluntu uPam Tshwete, namanye amasekela baphathiswa kuquka usekela mphathiswa wesebe lezimbiwa namandla uGqirha Nobuhle Nkabane, bedlana indlebe nabavoti.

Sisuka kwinyanga yolutsha nalapho abantu abatsha bebekhuthazwa ngeenkqubo ezahlukeneyo ukuba babe ngumzekelo kwiindawo zabo, nokulandela ezinyathelweni zamaqhawe namaqhawekazi eJune 16, 1976 anikela ngobomi bawo ukulwela inkululeko yoMzantsi Afrika kwingcindezelo. Omnye wemiceli mngeni ilizwe elijongene nawo kukuziphatha gadalala kwabantu abatsha. Sibambe ngempumelelo unkqubo yotshintsho lokuziphatha e-Ufafa ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni Ubuhlebezwe. Ngeenkqubo eziloluhlobo sifuna ukufikelela kubantu abaninzi kangangoko ukuze sifundise ngendlela yokuziphatha.

Okokugqibela, sikhuthaza uluntu ukuba lusebenzisane nomasipala ngokuhlawula iinkonzo zikaMasipala. Ukuhlawula iinkonzo zikaMasipala akuniki kuphela abahlawuli beenkonzo igama elihle ematyaleni, koko lincedisa kwingeniso yemali kumasipala, imali leyo encedisa kuhanjiso lweenkonzo zoluntu. Kukhona inkqubo yesibonelelo sentlawulo eqhutywa ngumasipala, abantu bayakhuthazwa ukuyisebenziza. Sibongoza uluntu lwaseHarry Gwala ukonga amanzi.

Ningasilandela kumakhasi ethu onxibelelwano anjengoFacebook neWebsite.



**NKS UNONTUTHUKO NGUBANE**
UMXHUMANISI WOMPHAKATHI NOMASIPALA (PRO)



**UMNU UMQONDISI DUMA**
UMSIZI WOKUPHATHA EZOKUXHUMANA

# Umyalezo kasodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala

Bhotani

XA siqala unyaka Mali omtsha wama2022/23 ndiyathemba sizakuqhubeka ngokusebenzisana njengelixa leenkqubo zotyelelo zomanyano lophuhliso, nalapho uluntu lomasipala wesiThili iHarry Gwala luye lwaphuma ngobuninzi balo ukuza kuveza izikhalazo nemiceli mngeni engundoqo ezakuphucula indawo yaseHarry Gwala.

Ukuze kusonjululwe le miceli mngeni neziphakamiso enizivezile ngempumelelo, ndikhuthazwa wonke umntu ukuqhubeka ngokuthabatha inxaxheba ekuqinisekiseni ukuba umasipala usekhondweni elihle lokufezekisa imiceli mngeni evezwe luluntu.

Njengolawulo lwamanzi nogutyulo, kusezandleni zenu njengoluntu ukuqinisekisa ukuba ukuhanjiswa kwamanzi kwiindawo zenu kuyenziwa kwaye kuyaqatshelwa nanjengoko maxawambi singazukwazi ukufikelela kuni sisisiThili ngenxa yeendawo enikuzo, kodwa iminxeba nonxibelelwano esizifumanayo zizakusabelwa, sibhale phantsi nezinye izikhalazo eninazo ngokwethu.


Ukuba nilulantu niye nangafumani ncedo okanye uncedo ngokukhawuleza, umnyango wam njengosodolophu wenu, uhleli uvuliwe kwaye sizakuphendula neminxeba yenu apho nizakuveza khona izikhalazo neenkxalabo zenu, kungenjalo ningacela inombolo yam xa kunyanzelekile.

Asikenzi konke esinqwenela ukukwenza kodwa okuninzi sele kufezekisiwe ngentsebenziswano nowayesakuba nguMphathi woMasipala u-A. N. Dlamini, osebenze ngamandla esebenzisana nabaphathi nabalawuli bonke ukuphucula iHarry Gwala.

Kungoko sifanele ukwenza umbulelo kuye ngokusebenza ngokuzinikezela kwaye simnqwenelele impumelelo kwimizamo yakhe emitsha.

Ibambela Mphathi woMasipala elikhutheleyo uThobile Thiyane-Magaqa ungene ezihlangwini zakhe, kwaye sinethemba lokuba uzakusebenzisana nani nilulantu, umasipala ade afumane lowo ozakungena ezihlangwini zikaDlamini. Olu lushicilelo lwethu lokuqala kunyaka mali omtsha, nalapho sininika ingxelo yenkqubo yeeprojekthi zethu, uninzi lwazo sele zityelelwe zahlolwa yi-ofisi yam nekaSomlomo, uceba Sibongiseni Mdunge, kunye nabaphathi nabalawuli abahlukeneyo ukuqinisekisa ukuba okubhalwe kwiingxelo zethu kuyahambelana nokwenzekayo.

Kolu shicilelo sinika ingxelo ngenkonzo yesikhumbuzo ebibanjwe esiThilini eyabantu abalishumi elinesithandathu, abangabemi baseMzimkhulu, ekutyholwa ukuba bahlaselwa babulawa ngabantu abadubula kwindawo yentselo eSoweto kwiphondo laseGauteng.




UMhlonishwa, uMeya uKhansela uZ.D Nxumalo

**Sisungule neqela leenkqubo apho isiThili siye satyelelwa ngabahloniphekileyo ooSekela Baphathiswa ukuza kubeka indlebe njenge nxalenye yohlelo lophuhliso lwesiThili olujoliswe ekuphuculeni iilali ngokukhawuleza.**

Sisungule neqela leenkqubo apho isiThili siye satyelelwa ngabahloniphekileyo ooSekela Baphathiswa ukuza kubeka indlebe njenge nxalenye yohlelo lophuhliso lwesiThili olujoliswe ekuphuculeni iilali ngokukhawuleza.

Siyazingca ukunazisa ukuba uhlahlo lwabiwo mali lomnyaka wama2022/23 lunikezelwe ngaphandle




kwamakhwiniba ngonxibelelwano noluntu kunye nolawulo lwemvelo.

Olu hlahlo lwabiwo mali lunyanisekile kwaye luchonge uqikelelo lwengeniso ukufezekisa uhanjiso lweenkonzo ezingundoqo, ngokwehlelo lobambisano lophuhliso. Sikwabeke amahlelo, kuquka ukukhawuleziswa kokufakelwa kwezikali-manzi ezihlawulelwayo, ukunqumla ukuxhunywa okungekho semthethweni kwamanzi, nokusungula indlela eyiyo yokuqokelela ingeniso nezisombululo ngendlela efanelekileyo.

Siyavuya ukukwazisa ukuba, ngonxibelelwano olunzulu, ngokusebenzisa amaqonga afana noonomathotholo bephondo/abasekuhlaleni, amakhasi ezonxibelelwano neendibano zoluntu, abantu besiThili sethu bazibandakanye ngamandla kwi-IDP/inkqubo yohlahlo lwabiwo mali. Ngelixa lengxelo yomthetho wohlahlo lwabiwo mali lwexesha eliphakathi, umphathiswa wezimali u-Enoch Godongwana, ubalule ukuba ilizwe lineminyaka elishumi yokuma ngxi kwezomnotho. Lo mmceli mngeni womnotho omkhulu uchaphazele isakhono sikarhulumente sokunikezela ngenkxaso eyaneleyo yemali kwiiprojekthi ezinkulu. Exesheni elininzi olu xinzelelo luviwa ngabo abangathathintweni. Oku kubonakale kulwabiwo olungenalanga lwenkxaso yeeprojekthi ezinkulu kooMasipala abafana neHarry Gwala, abajongene nokusilela kwexesha elide lokulungiswa kwezakhiwo. Le meko yenziwe mbi zizinto eziquka ukuba ncinci koqokelelo lwezimali, ngoba abantu abaninzi kwisiThili sethu basokola ukubeka isonka etafileni. Enye ingxaki esingamelanga kuyibalekela kukuba, bonke abo abakwaziyo ukuhlawula, abazihlawuli iinkonzo abazifumana kooMasipala bethu. Singurhulumente, sinoxanduva lokuhlinzeka ngeenkonzo zoluntu kubantu bethu. Abo abazifumanayo, xa benakho, kufanele bahlawule.

Masiphawule ukuba kwiminyaka emithathu egqithileyo sifumene iziphumo ezingenachaphaza kuMphicothi zincwadi jikelele, okubonakalisa ulawulo oluhle. Kubalulekile ukuba sibambane ngezandla ukuqinisekisa ukuba siphucula umbono wophicotho ukuze sifumane uphicotho olungenachaphaza.

## Inyanga yolutsha

Sibhiyozele usuku lolutsha ngomhla we16 kweYeSilimela. Siyayibona imiceli mngeni ulutsha lwanamhlanje elijongene nayo, kodwa njengesiThili singathanda ukusebenzisana nolutsha ukuze sifezekise iinjongo zethu. Iingxaki zolutsha ziqwalaselwa yi-ofisi yezolutsha.

UMnu. Qiniso Mnguni, okhokhela i-ofisi yolutsha kuMasipala wethu, uqwalasela imiba yolutsha ntsuku zonke. Sikhuthaza lonke ulutsha ukusebenzisa i-ofisi yabo.

## I-CEO entsha yeHGDA

Sithanda ukuvuyisana nomlawuli oyintloko omtsha wegatya lophuhliso leHarry Gwala (HGDA) u-Antoinette White ngokuba yinxalenye yethu, eshiya umsebenzi omhle akawuqale komnye wooMasipala bethu, uMasipala iGreater Kokstad. Lo Masipala ungumzekelo oqaqambileyo wolawulo elihle kwizinga lolawulo loorhulumente basemakhaya ilizwe lonke. Ungumasipala wokuqala kwiphondo nowethoba kuzwelonke ngokuba nguMasipala okwimeko ezinzile kwezezimali.

Siyathemba ukuba ulwazi akanalo luzakusinceda ukuphucula isiThili ukuqinisekisa iinkonzo ezingcono kuluntu lwethu.

Ndiyabulela

AMAZWI OKWANDULELA KAMENEJA KAMASIPALA

# Ngokusebenza kunye singafumana lukhulu



**UNksk. Thobile Thelma Thiyane-Magaqa**
Bambelameneja kuMasipala

MANDAMNKELE uluntu lwethu kushicilelo lokuqala Lweendaba zoMasipala wesiThili iHarry Gwala kunyakamali wama2022/2023. Njengebambela lomphathi masipala, ndithanda ukuqala ngokuncoma, ukubulela, ukuhlonipha nokwethulela umnqwazi owayesakuba nguMphathi Masipala, uNksz. A. N. Dlamini, ongasasebenzi kulo masipala emva kokusula kwakhe. UNksz Dlamini usebenzele uMasipala wesiThili kakuhle kakhulu iminyaka engama20, nalapho esebenze kwizithuba ezimbalwa ngexesha engumsebenzi walomasipala, kuquka ukuba nguMphathi we-PIMS Centre, uMphathi we-IDP, uMlawuli oyintloko qoqosho kunye noweenkonzo zoluntu. Uye waxelenga njengebambela Mphathi Masipala kumasipala wasekuhlaleni owayesakubizwa iKwaSani, nosele utshintshwe igama, nowaziwa njengeDr. Nkosazana Dlamini-Zuma Local Municipality, emva kokudityaniswa koomasipala iKwaSani ne-Ingwe Local Municipality, ekungoomasipala ababini (2) kwabane (4) abangaphantsi kolawulo loMasipala wesiThili iHarry Gwala. Umlawuli oyintloko wesebe leenkonzo zemisebenzi, uNkszn . N. Lungwengwe naye ushiyile kuMasipala wesiThili emva kokufumana umsebenzi njengoMlawuli oyintloko: Ulawulo lwezemisebenzi kwisebe lezothutho eMpuma Koloni. Igatya lophuhliso leHarry Gwala (HGDA) liqeshe umlawuli oyintloko (CEO) omtsha uNkszn. Whyte, oqale ukusebenza ngomhla wokuqala kweYeKhala 2022. UMasipala wesiThili ungene kunyakamali wama2022/2023 ngomoya wemvuselelo nokuqhubeka ngohanjiso lweenkonzo zikamasipala. Njengorhulumente wasekuhlaleni, uxanduva lwethu kukuthobela umthetho nayo yonke imithetho karhulumente elawula oorhulumente basemakhaya, neyenza lula ukuthobela imithetho kamasipala. Umsebenzi we-Accounting Officer kukunika inkxaso, ukukhokhela nokunika iingcebiso kumaqela ezopolitiko, abaphathi bezopolitiko, ulawulo lomasipala namaqumrhu olawulo, urhulumento nokuhanjiswa kweenkonzo. Icandelo 152(1) (b) lomthetho wolawulo ucebisa ngenye yoxanduva loorhulumente basemakhaya, ekukuqinisekisa ukuhlinzeka ngeenkonzo kuluntu ngendlela efanelekileyo. Oku kusebenza njengenqwelo yempumelelo yokuhanjiswa kweenkonzo.

Umasipala wethu ngumlawuli weenkonzo zamanzi ohlinzeka ngamanzi acocekileyo aselwayo, nokulwa nokusilela nkweenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle kwiindawo ezisemaphandleni, apho uninzi lwabantu luhlala khona.

Iinjongo zethu singuMasipala wesiThili, ngokusebenzisana nosapho lwethu looMasipala, kukuqinisekisa ukuhanjiswa kweenkonzo, uphuhliso lwezoluntu nezomnotho kunye nonxibelelwano noluntu kwimiba ehambisana norhulumento lwasemakhaya.

Ngokwesidingo somthetho, umasipala wethu usebenza ngokwemigaqo ye-IDP nohlahlo lwabiwo mali lonyaka, oluzoba uphuhliso olungundoqo kumasipala kunye nokuhanjiswa kweenkonzo. Hlahlo lwabiwo mali lwethu luhlelwe ngendlela yokuba lujolise ngqo ekuhlangabezeni uhanjiso lweenkonzo ezingundoqo ngokuhlukana kwazo. I-SDBIP epasisiwe libhunga likamasipala kulonyaka mali esikuwo, kwaye lenza isisekelo sokuhlolwa kokusungulwa kohlahlo lwabiwo mali lukamasipala ne-IDP. SunguMasipala wesiThili, sizinikezele ekuhleleni i-IDP yethu ngonxibelelwano noluntu lwethu koomasipala basekuhlaleni sisebenzisa iinkqubo ze-IDP.

Uluntu luzibandakanye kwiiMbizo ze-IDP/Budget, ukuze luveze izimvo zalo kuhlelo lokuhanjiswa kweenkonzo. Ushicilelo lweeNdaba zikamasipala kusebenza njengesixhobo sonxibelelwano ukwazisa uluntu lwethu ngomsebenzi owenziwa ngumasipala ukuhlangabezana neentlelo zethu ukuze kuzaliseke uxanduva lwethu.

Ushicilelo Lweendaba lwethu luqulethe iHarry Gwala Marathon, ebeyimpumelelo enkulu, nezakuba ngumsitho oqhubeka iminyaka yonke, nezakubeka isiThili kwi-map yezemidlalo. Ikhulisa qoqosho esiThilini nanjengoko abantu beza ngobuninzi babo ukuzothabatha inxaxheba, abanye basuka apha ephondweni, ngelixa abanye besuka kumaphondo angqonge i-KZN. Iimbaleki ezingamakhulu asixhenxe (700) athabathe inxaxheba kwimidyarho eyahlukeneyo. Kwimiba yolawulo lwemvelo, iKhansile yesiThili iHarry Gwala ineenkokheli ezimbini (2) ezisebenza nokudlala indima yokukhuthaza ukuba, umbono noxanduva lwesiThili luyafezekiswa. IsiThili sethu sisungule uhlahlo lwabiwo mali lonyaka mali wama2022/2023 eBulwer ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma kwintlanganiso yebhunga.

Xa ndigqibezela, injongo yam njengeBambela Mphathi Masipala kukuqinisa ulawulo lalo masipala ukuze sihlangabezane nezidingo zebhunga ukukhuthaza uluntu lwesisiThili ukuzebenza ngobambiswano, ukuxoxa ngemiceli mngeni yophuhliso ukuba kukhawuleziswe ukuhanjiswa kweenkonzo. Ndiyabulela.

## ABAPHATHI BAKA-MASIPALA



**UMNU UMTHETHUNZIMA MKATU**
Imanejala kaMasipala kwiCandelo Lezezimali



**UMNU UDAVID BHEKI MAKWAKWA**
Imanejala kaMasipala kwiCandelo Lezophuhliso



**UNKK UTHOBILE THELMA THIYANE-MAGAQA**
Imanejala kaMasipala KwiCandelo Lenkonzo zeNtlalo noCwangciso LoPhuhliso



**UMNU UDUMISANI SANDILE GQIBA**
Imanejala kaMasipala kwiCandelo Lokuhlinzeka ngaManzi



**Omnye welungu losapho olubhujelweyo ngethuba kulayitwa amakhandlela kwinkonzo yesikhumbuzo, umfundisi kunye nosomlomo woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba S. Mdunge.**



**Isikhokhelo sivula umhobe wesizwe kwinkonzo yesikhumbuzo, kusukela okhohlo: usodoluphu waseMzimkhulu uceba J Msiya, usodoluphu weHarry Gwala uceba Z.D Nxumalo kunye nenkulumbuso yaKwaZulu-Natal uSihle Zikalala.**

USODOLOPHU wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo umemelele amabandla neenkonzo ezahlukeneyo ukuba zibeke isiThili emithandazweni emva kweziganeko zokubulawa ezongamele isiThili.

Uceba Nxumalo ucele ungenelelo olungcwele ukwehlela kwesisiThili kulandela isiganeko sakutshanje apho kuhlaselwe kwadutyulwa abantu kwindawo yentselo eSoweto kwiphondo laseGauteng, apho kusweleke amaxhoba ayi13 angabemi baseMzimkhulu.

Inkonzo yesikhumbuzo, nebibanjelwe eMzimkhulu kutshanje, ibizinyaswe yinkulumbuso yaKwaZulu-Natal uSihle Zikalala, nalapho izijwili eziphuma kwiintsapho zamaxhoba bezivakala kwiholo ibigcwele ime ngeembambo.

Le nkonzo ibibanjelwe eSayidi TVET College eMzimkhulu nebijikelezwe ngamapolisa ebexhobe efe amacala.

Uceba Nxumalo uthe kubuhlungu ukwazi ukuba amaxhoba ashiye amakhaya eyofuna imisebenzi eGoli, nanjengoko isiThili sakhe kusesinye seziThili esinomceli mngeni wokunqongophala kwemisebenzi.

“Oku kubonisa ngokucacileyo ukuba kufanele siwuthathele ingqalelo ummba wokunqongophala kwemisebenzi ukuze kunciphe inani labantu abashiya iilali besiya kufuna umsebenzi ezidolophini ukuze bondle iintsapho zabo. Kufanele sizenzele imeko apho abantu besuka ezilalini ukuya ezidolophini kuba bezithandela hayi ukuya kwezi ndawo kuba beyokukhangela amathuba angcono,” utshilo uceba Nxumalo.

Uthe isiThili sakhe sityebile kwezolimo, kodwa ngabantu abambalwa abazuzayo ngokusebenzisa umhlaba, kwaye uMasipala wesiThili wenza iinzame zokuqinisekisa ukuba ulutsha lungena kwezolimo.

Uthe besisiThili, bangenelela kwingxaki yombane, ekhokhelela ekucimeni kombane ngenxa kacimicimi wombane okhubaza ukukhula kwezomnotho ngoba kuchaphazela oosimashishini kabuhlungu. “Sikhangela iindlela zokuzenzela owethu umbane, esiza kwenza ngokoyamene nemithetho yelizwe ukuhlola ukuba umasipala wethu ungaba nesakhono esidingekayo kusini na xa sisenza uphando,” kutsho uNxumalo.

Uqhube wathi bagqibela kudala ukubona ukufa kwabantu abaninzi ngaxashanye ngomnyaka wama2017, nekufikelele esiphelweni emva kokubanjwa kwemithandazo kwiindawo ezahlukeneyo kwisiThili, okubonisa ukuba uSomandla wayiva imithandazo yabo, kungoko kufuneka kuthandaziwe rhoqo. Uthe oku kwenzeka ngelixa isiThili sisazilele abo abasutywa kukufa kwingozi ye taxi kutshanje, nesube imiphefumlo engamasumi amabini, apho uninzi lwamaxhoba ebengabemi baseMzimkhulu.

uNxumalo uthe, kubuhlungu ukuba amaxhoba aya eGoli eyofuna amathuba emisebenzi ukuze ondle iintsapho zawo, kodwa abuya ngemikhumbi.

UNkulumbuso Zikalala uthe, esi sesinye seziganeko “esibuhlungu ngakumbi” esehlele abantu naKwaZulu-Natal.

“Sinolawulo lwezentselo olulawula KwaZulu-Natal, kodwa oku kwenzeke eGoli. Sizakuqinisa imithetho yokuba iindawo zentselo zivale ngethuba. Kukhona ixesha elibekiweyo lokuvalwa kweendawo zentselo. Oko akubeki kuphela abantu kumathuba okubulawa, koko kuphembelela ukungazinzi koluntu nanjengoko kuchaphazela uluntu lonke,” utshilo uZikalala.

### Abantu abaswelekileyo:

1. Sithembiso Mjolo, 2. Luyanda Mjolo, 3. Nhlonipho Mbanjwa, 4. Nkosiyezwe Malunga, 5. Thamsanqa Malunga, 6. Sphethuxolo Chiliza, 7. Menzi Ndzimande, 8. Mlondi Ndlangisa, 9. Philani Mngonyama, 10. Sibongiseni Jokazi, 11. Sibonelo Ngubane, 12. Njabulo Dlangisa, 13. Sifiso Cromwell Sosibo.



**Usodolophu weHarry Gwala uceba Z. D. Nxumalo ethuthuzela elinye ilungu elibhujelweyo kwinkonzo yesikhumbuzo ebibanjelwe eMzimkhulu.**



**Usodolophu Z. D. Nxumalo, esenza intetho kwinkonzo yesikhumbuzo.**



**Inkulumbuso uSihle Zikalala esenza inthetho kwinkonzo yesikhumbuzo.**




**Apha kungethuba kuqala iHarry Gwala Marathon nalapho wonke umntu ebenexhala lokuba uzakulenza kusini na ixesha ukuya entanjeni.**

# IMarathon yaseHarry Gwala izakukhulisa ezoqoqosho

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala uqinisekile ukuba iMarathon, nebibanjwe kutshanje, izakukhula kwaye izakukhulisa ngakumbi qoqosho kwisiThili, kulandela inani elithembisayo labantu ebebekhona, kwaye itsale inani leembaleki ezithabathe inxaxheba kulomdyarho, nekushiye iinkokheli zephondo zinemincili.

Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo ebenethemba lokuba IMarathon ibizakwenza kakuhle ngakumbi, ngaphandle kokuma iminyaka emibini ngenxa yeCovid 19, nechaphazele abaxhasi abaninzi ngenxa yokuwa nokuma qoqosho, nokuchaphazele amashishini amaninzi.

Uceba Nxumalo ebevuya esithi: "Ndinemincili ngoba emva kokumiswa kweendibano ukulandela imiqathango yeCovid-19, abantu babonakalise umdla omkhulu ekuthabatheni inxaxheba kumdyarho ngochulumanco nomdla omkhulu ngokubuya kwemarathon, noosomashishini bamanyana bethembisa ngokunika inkxaso ukusukela ngoku.

Kulo nyaka iimbaleki eziqikelelwa kuma700 zithabathe inxaxheba zikhuphisana kwintlobo ezintathu zomdyarho, ezilandelayo: 42,2km, 21km kunye ne10km.

Umdyarho we42,2km uqale eHighflats e-Ixopo ukuya eMzimkhulu, i21km iqale e-Ixopo ukuya eMzimkhulu ngelixa i10km iqale phakathi kwe-Ixopo noMzimkhulu.



**Usodolophu Z. D. Nxumalo nomphathiswa wesebe lezemidlalo, ubugcisa kunye nenkcubeko KwaZulu-Natal, uHlengiwe Mavimbela evuyisana neentshatsheli zomdyarho u-Ayanda Ngcobo ophume kwindawo yokuqala kunye noNdumiso Sokhela ophume kwindawo yesibini.**

Isebe lezemidlalo, ubuchule namasiko KwaZulu-Natal belingumxhasi omkhulu, ngethemba lokuba oosimashishini babucala nabo bazakudlala Indima enkulu kwimarathon yalonyaka ozayo.

Umphathiswa welisebe uHlengiwe Mavimbela ebeyinxalenye yalo msitho, nalapho ezibonele impumelelo yale Marathon.



UGqr. Sibongiseni Dhlomo, olilungu lepalamente ebenemincili yokufika entanjeni kulo mdyarho.



Oosodolophu ebebezimase imarathon, ukusuka ekhohlo: usodolophu woMzimkhulu uceba J. Msiya, usodolophu woBuhlebezwe u B. Ngubo, usodolophu Z. D. Nxumalo kunye nebambela mphathi womasipala uNksz. Thobile Thelma Thiyane-Magaqa.




IHarry Gwala District Marathon ibe yimpumelelo, iintatheli ezisuka kumajelo eendaba angaphaya kwama20 ebezimase lemarathon, nalapho beye badlana indlebe noosodolophu kunye neembaleki.








Usekela mphathiswa wesebe lezempilo kuzwelonke uGqirha Sibongiseni Dlomo naye uthabathe inxaxheba kulo mdyarho.

Umphathiswa Mavimbela ungqinelene noceba Nxumalo ukuba, “Bekumnandi ukubona abantu beza ngobuninzi nabo bezoxhasa iMarathon emva kwexesha elinzima leCovid-19.” Uthe oku yinxalenye yokunika inkxaso koosomashishini basekuhlaleni, nalapho ukusebenza kwabo kuye kwaphazamiseka ngenxa yemiqathango yeCovid-19 nephazamise ingeniso yabo yosuku.

“Sifuna ukuvelela iinkalo zonke ukuqinisekisa ukuba ushishino lubuyela esimeni ukuze bakwazi ukudlala indima ebalulekileyo yokudala amathuba emisebenzi,” utshilo umphathiswa Mavimbela. Uthe ngaphandle kokukhulisa ezomnotho kumashishini asekuhlaleni, iMarathon ingasisixhobo sokukhulisa ezokhenketho ekuhlaleni. Igatyana lomfana lakumntla KwaZulu-Natal u-Ayanda Ngcobo, libhalise igama lalo kwiintshatsheli emva kokuphumelela umdyarho we42,2km, nalapho ehambe nebhaso leR50 000, uNdumiso Sokhela yena uthabathe indawo yesibini ngelixa uTimmy Skink ephume kwindawo yesithathu.

UNgcobo uthe usebenze ngamandla ukuze aphumelele lo mdyarho ukukhusela ukuba ungaphumelelwa ziimbaleki ezingabemi bamanye amazwe, nanjengoko kwilixa eligqithileyo bekuphumelele ummi waseLesotho.

Uthe impumelelo yakhe imele isiThili saseHarry Gwala esiyinxalenye yephondo laKwaZulu-Natal. Kwabasetyhini, ophumelele umdyarho we42,2km nguJennifer Koech waseKenya. UMakhosi Mhlongo uphume kwindawo yesibini elandelwa nguLisa Collett.

Oosodolophu boomasipala abahlukeneyo, Umzimkhulu, Ubuhlebezwe kunye noDr. Nkosazana Dlamini-Zuma bavuyisene neentshatsheli.

## ABAPHUMELELEYO:

### ku-42.2 km

| Amadoda | Abasetyhini |
|---|---|
| 1. u-Ayanda Ngcobo - 2:18:08 | 1. uJennifer Koech - 2:58: 25 |
| 2. uNdumiso Sokhela - 2:18:09 | 2. uMakhosi Mhlongo - 3:03:05 |
| 3. uTonny Skink - 2:20:04 | 3. uLisa Collett - 3:03:30 |

### ku-21 km

| Amadoda | Abasetyhini |
|---|---|
| 1. uJobo Khatoane - 1:02:12 | 1. uMolulubele Makatisi - 1:12:09 |
| 2. u-Elvis Tau - 1:02:56 | 2. uMethakane Letsie - 1:13:52 |
| 3. uMfundo Chagwe - 1:03:29 | 3. uJenet Mbhele - 1:14:29 |

### ku-10 km

| Amadoda | Abasetyhini |
|---|---|
| 1. uSiyabonga Ndovu - 0:28:06 | 1. uBathobile Mkhize - 0:34:54 |
| 2. u-Ath - 0:28:40 | 2. uMafole Elelloang - 0:35:27 |
| 3. uKamohelo Mafolo - 0:28:56 | 3. uReitumetse Thethana - 0:37:47 |





**Usodolophu wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo, usomlomo webhunga, uceba S. Mdunge kunye nebambela mphathi womasipala, uThobile Thiyane-Magaqa bebeyinxalenye yeendwalutho ezidlale indima ebalulekileyo yekuphendula imibuzo ibibuzwa ngababukeli nabahlawuli beenkonzo zikamasipala.**

KOTHULWE uhlahlo lwabiwo mali lweR865,7million yikhansile yoMasipala wesiThili iHarry Gwala kutshanje.

Uhlahlo lwabiwo mali lomnyaka wama2022/23 lothulwe eBulwer ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosaza Dlamini-Zuma, nebizimaswe ngabahlawuli beenkonzo zikaMasipala, nabakholelwa ukuba olu hlahlo lwabiwo mali luthetha ngqo nemiceli mngeni yoluntu.

Ngelixa lokothulwa kohlahlo lwabiwo mali, kubonakale ukuba uhlahlo lwabiwo mali lweR600million lweBulwer Dam lunyanzelisa uMasipala wesiThili ukunikz inkxaso mali eninzi kumasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma ukuze kugqityezelwe eli dama.

Oku kubonakale emva kokuba usodolophu Zamokwakhe Nxumalo, ngelixa esaba uhlahlo lwabiwo mali, ebonise, wanika inkcazelo yokuba kutheni umasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma ufumana inxalenye enkulu kuhlahlo lwabiwo mali lwesiThili, xa kuqhathaniswa nabanye oomasipala basekuhlani.

IBulwer Dam izakunikwa inkxaso lisebe lamanzi nogutyulo, nanjengoko lixhasa kwaye lisisisombululo sanaphakade seengxaki zamanzi kwisiThili. Lizakuhlinzeka ngamanzi kwiziThili ezingoomakhelwane ezifana no-Ugu.

Oku kwenziwa ukonga ingcino-mali ngakuMasipala wesiThili, nanjengoko umasipala ehlawulela ukuboleka amadama kumafama angabamelwane ukuze uwasebenzise ngexesha lembalela.

Ethetha kwiholo iBulwer nge 27 kuCanzibe kwintlanganiso yebhunga, uNxumalo uthe iprojekthi izakuqala phambi kweYeSilimela kunyaka ozayo.

"Oku yinxalenye yokwakha iiprojekthi zasekuhlaleni ukulunguselela, nokuquka ezinye iiprojekthi ezizakwenziwa," kutsho uNxumalo.

Uqhube wathi iingxoxo ngale projekthi zivunyiwe ngurhulumente kwaye sele zizagqitywa.

Ukuvezile ukuba olu luxanduva lokuqinisekisa ukuba basisiThili esiphala phambili ngokuhlinzeka ngamanzi kwilizwe liphela, nanjengoko behlela ukuba neziko lokuhlola/ukucoca amanzi esiThilini, apho bengazuxhomekeka kuMngeni Water ukuhlola izinga lamanzi abo.

Amaqela aphikisayo aluqhwabele izandla olu hlahlo lwabiwo mali, kodwa iDemocratic Alliance ikuphikisile ukwenyuka kwentlawulo zikaMasipala ngomyinge wesithandathu ekhulwini.

Usodolophu uthe, "Ngaphandle kokuba nguMasipala ofuna inkxaso, sihlala kwiindawo ezisemaphandleni kakhulu, kungoko sinangqokelelo yezimali eluqilima nanjengoko uMasipala etyalwa izigidi ezingama R239 luluntu kwiintlawulo zikaMasipala." I-DA ithe iintlawulo mazifikeleleke, kukhunjulwe imvelaphi kaMasipala nemeko yezimali esijongene nayo. UNxumalo uthe bafuna ukuqokelela nokuba ngu40% wetyala elizizigidi ezingama R239. Uhlahlo lwabiwo mali lucakacwe ngoku hlobo: iGreater Kokstad Municipality (R35million), Ubuhlebezwe (R70million), Umzimkhulu (R101million) kunye neDr. Nkosazana Dlamini-Zuma (R113million).







**Ezinye zeendwalutho kuquka oosodolophu kunye noosomlomo booMasipala abaphantsi kwesiThili iHarry Gwala bezizimase ukothulwa kohlahlo lwabiwo mali ukuzobukela lo msitho obeyimpumelelo.**




**Usomlomo uceba Sibongiseni Mdunge kunye namalungu ecandelo lezentlekele eMzimkhulu bezise izijumbana zokutya kolu sapho.**





**Imeko yendlu ekuhlala kuyo abantwana abalishumi elinesine.**

USOMLOMO woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Sibongiseni Mdunge ubongoze amaqumrhu abucala ukuba angabukeli xa kukhangelwa izisombululo zemiceli mngeni yoluntu, koko mabafake izandla ngokunikela ngendlela zonke ezinokunceda ukubeka ukutya etafileni kwabangathathi ntweni.

Uceba Mdunge uhlabe ikhwelo ngelixa etyelele ikhaya elihlala abantwana abalishumi elinesine, abahlala bodwa kwiimeko ezinganyamezeleki nezimaxongo eMzimkhulu, nalapho bebabonelele ngezijumbana zokutya.

Olu sapho lachongwa ngelixa kugraywa uvoto laze labhaliswa ukuze kulandelwe zonke iinkqubo.

Kufumaniswe ukuba abantwana abalishumi elinesine bahlala kwindlu enamagumbi amabini ngelixa olunye usapho olungabantwana abahlanu luhlala lodwa lungena kutya etafileni.

Usomlomo, uceba Mdunge, kunye necandelo lezentlekele kuMasipala Umzimkhulu bathengela la makhaya izijumbana zokutya. Ezi ntsapho zixhomekeke kwisibonelelo sikarhulumente ukubeka ukutya etafileni.

"Makuqatshelwe ukuba ukutya esikuthengileyo akuzuhlala ixesha elide, kungoko simemelela amaqumrhu abucala ukuba afake isandla ancedise ezintsapho," utshilo uceba Mdunge.

Uthi iphupho labo kukwakhela ezintsapho izindlu, kodwa bazaqhubeka bebongoza oosimashishini ukuba banikele ngayo ngantoni na ukuze kufezekiswe iphupho labo lokubona ezi ntsapho zinamakhaya aphucukileyo.

Oku kuchukumise inina elineminyaka engama45 nelingakwazanga ukubamba iinyembezi lisithi: "Kubuhlungu ukubona abantwana abancinci besiya esikolweni bengatyanga." Wenze umbulelo kuMasipala ngokuncedisana neli khaya kwaye ethemba ukuba abagqibelisanga.

"Ngelixa lezikhukhula kutshanje besingakwazi nokulala ngoba le ndlu ayomelelanga, amanzi ebevuza. Sicela ukuncediswa ngendlu nemisebenzi ukuze sikwazi ukunceda ezi ntsapho," utshilo.

Abo abathanda ukufaka isandla bakhuthazwa ukuxhumana ne-ofisi kaSomlomo kule nombolo: 039 834 8700.



**Usomlomo uceba S. Mdunge kunye nomsebenzi wecandelo lezentlenkele eMzimkhulu bezise izijumbana zokutya.**






**Kutyelelo lwake usomlomo uceba S. Mdunge ukwakhuthaze abantwana bolusapho ukuba baqhubeke baye esikolweni baqinisekise ukuba bayayiguqula imeko yempilo yabo ngenye imini.**



**Inkqubo kamasipala yokuqeqesha abasebenzi nooceba iye yaqhwatyelwa izandla njengenyathelo elihle elizakuza neziphumo ezintle, ezizakunceda uluntu ngohanjiso lweenkonzo oluzakwenziwa ngooceba nabasebenzi abaqhutywa luhanjiso lweenkonzo oluqeqeshekileyo.**

# Uqeqesho lokuphuhlisa izakhono zooceba nabasebenzi bakaMasipala

KWILINGE lokuqinisekisa ukuba uMasipala wesiThili iHarry Gwala inooCeba, abaphathi, abalawuli kunye nabasebenzi abanezakhono zokufezekisa ukuhanjiswa kweenkonzo, uMasipala ubambe ucweyo lokuqeqesha inani elikhethekileyo looceba nabasebenzi ngezakhono eziquka ukuchwetheza ikhompuyutha nezakhono zolawulo.

Olu cweyo olu ntsuku-ntathu beluqhutywa ngusodolophu wesiThili uZ. D. Nxumalo kwi-ofisi yeziko lezentlekele e-Ixopo, ukuqinisekisa ukuba ooceba nabasebenzi baxhotyisiwe ukuze bakwazi ukwenza umsebenzi wabo.

Izixhobo zocweyo bezibonisa ooceba nabaphathi indlela yokugcina ubudlelwane obuhle emsebenzini ngokuphucula izakhono zokunxibelelana, ezokubhala, ezekhompyutha nezokusebenzisana.

Abaphathi bafundiswe ukuphucula nokugcina inkqubo zabo zolawulo lwabasebenzi ngokubeka nokulandela iinjongo zabo ukuhlangabezana neemfuno zoluntu kunye nezabo. Abaphathi bafundiswe iindlela zokuncedisa, ukufundisa nokuxhasa amalungu amaqela abo ukusebenza ngokuzinikezela.

Iinjongo zolucweyo ibikukuxhobisa abathathi nxaxheba ngemibono nezakhono zokwenza ukuphuhlisa nokusungula indlela yolawulo lwexesha ngempumelelo, ukuphucula ubambiswano kubasebenzi.

Olu cweyo beluqhutywa lisebe leenkonzo zemisebenzi lalo Masipala.

# Kuthiwe ndlelantle nangesithozela kuMandisa Sebenza

BEKUYINDLELA ebuhlungu kodwa enesithozela yokuthi ndlelantle kongasekhoyo uNksz Mandisa "Nomama" Sebenza (49). UNksz Sebenza, nobengumsebenzi kulo Masipala uchazwe njengomntu obethobekile, esebenza nzima kwaye enobuntu.

Ebesebenza kwicandelo lezentlekele ngaphambi kokuba asweleke emva kwengulo emfutshane, waze wangcwatyelwa eChamto (Umzimkhulu). Uzakukhunjulwa ngokuthanda kwakhe ukuhlekisa abantu.

Ngethuba kubanjwe inkonzo yakhe yesikhumbuzo ePeace Initiative Hall, usomlomo woMasipala iHarry Gwala uceba Sibongiseni Mdunge uthuthuzele abazili, wagqithisa amazwi ovelwano kusapho lwakhe egxininisa ukuba benguMasipala beva intlungu efanayo neyabo, nanjengoko ebengengomsebenzi nje, koko ebesele elilungu losapho kubo. "Xa silahlekelwa ngomnye wethu, oko kuyasichaphazela nanjengoko kuzakuba nomsebenzi omninzi emntwini ozakuthi abe libambela endaweni yakhe, de uMasipala afumane umntu ozakungena ezihlangwini zakhe," kutsho uMdunge.

Uqhube wathi, nokuba bezilile, kodwa bayazingca ngokuthi, umfi usebenze kwaMasipala ngokuzingca, ngokuzimisela nangokuzinikezela.

Uceba Mdunge uthandazele ukomelela kusapho nezalamane zakhe.

Usodolophu woMasipala Umzimkhulu, uceba Jabulile Msiya ebeyinxalenye yesikhumbuzo, umchaze uSebenza njengomngu obethobekile esebenza nzima kwaye uthe uzakukhunjulwa kakhulu ngabaninzi.

Usekela mongameli kuzwelonke weqela labasebenzi yoMasipala kweloMzantsi Afrika (SAMWU), uMluleki Mbhele uthe, uyazingca ngokuthi ebenomsebenzi okwizinga likaSebenza obesebenza ngokuzinikezela ngalo lonke ixesha. Ibambela Mphathi Masipala, uThobile Thiyane-Magaqa ungqinile esithi, "Silahlekelwe ngumntu ebesimthanda nobesebenza ngokuzimisela."

"Ebethobekile kwaye enobuntu. Kunzima ukwamnkela ukugqitha kwakhe emhlabeni ngesaquphe nokuvala isahluko sobomi bakhe lula kanjalo," utshilo uNksz. Thiyane-Magaqa.

Abazili bebequka abasebenzi boMasipala iHarry Gwala, abasebenzi babanye oomasipala, usapho nabahlobo abagcwalise i-Peace Initiative Hall ukuzakuthi ndlelantle. Ushiya ngasemva umyeni wakhe nabantwana abathathu.








**Iintetho ezilusizi bezivakala kwiholo ibigcwele ime ngeembambo iPeace Initiative Hall e-Ixopo ngethuba abazili, abahlobo kunye nabasebenzi bezokuthi ndlela ntle kobethandwa, ehlonitshwa nowayesakuba ngugxa wabo, uNksz. Mandisa Sebeza nochazwe njengomsebenzi obezimisele, ewuthanda umsebenzi wakhe. Uzakuhlala ekhunjulwa.**







**Usodolophu wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo kunye nosomlomo webhunga, uceba S. Mdunge bakhokhele igqiza looceba nesikhokhelo kutyelelo lweeprojekthi ngenjongo zokuhlola nokuqinisekisa ukuba bayangenelela xa kukhona imiceli mngeni. Usekela mphathi womasipala, uNksz. Thobile Thiyane-Magaqa, ebeyinxalenye yale nkqubo njengomphathi weencwadi ukuqinisekisa ukuba iingxelo zihambelana nomsebenzi owenziwayo.**

# Iinkokheli ezisebenza nzima zaseHarry Gwala zityelela iiprojekthi

UKUQINISEKISA ukuba okubhalwe kwiingxelo zikaMasipala kuhambelana nokwenzeka ngaphandle ngokwenkqubela phambili ekusungulweni kweeprojekthi zamanzi, isikhokhelo soMasilala wesiThili iHarry Gwala siqhube utyelelo lokuhlola iiprojekthi.

UMasilala wesiThili iHarry Gwala, ngaphantsi kwesikhokhelo sikasodolophu, uceba Z. D. Nxumalo, abavumi kuhlala ezitulweni zabo ezi-ofisini ezibetha umoya, kodwa bathe gqolo ukutyelela iiprojekthi ukuyohlola iinkqubo yazo. Oku abakwenzi kuphela ukuhlola, kodwa ukuqinisekisa ukuba iinkonzo zihanjiswa ngokomyalelo kuluntu oluchongiweyo.

Ekhokhela ngaphambili usodolophu, uceba Nxumalo, usomlomo uceba Sibongiseni Mdunge nesikhokhelo batyelele iiprojekthi ezahlukahlukeneyo ukuyohlola umsebenzi esele wenziwe.

Iiprojekthi ezityelelweyo ziquka ukuphuculwa kwezogutyulo lwelindle eFairview nase Ixopo, isigaba sesibini nesesithathu, ukufakelwa kwezogutyulo lwelindle kwiprojekthi yezindlu e-Ibisi kunye neprojekthi yeenkonzo zamanzi iGreater Summerfield eziseMzimkhulu zombini.

Ngethuba lotyelelo, usodolophu, uceba Nxumalo ubeneengxoxo nesikhokhelo ukubonisana ngokunokuthi kwenziwe ukukhawulezisa ezi projekthi, nokwaziswa ngezidingo ezinokukhulula imiceli mngeni ephakamiswe malunga nezi projekthi.

Usodolophu uthe kubalulekile ukutyelela iiprojekthi, bazincame kwingqele eqhaqhazelisa amazinyo ukuqinisekisa ukuba bona benguMasipala abaxhomemeki kwiingxelo ezibhaliwe ziinjineli okanye abasebenzi bakaMasipala ngeenkqubo ezixhaswa nguMasipala, kodwa bafanele ukuziyela kwezi projekthi ukuze bazibonele ukuba okubhaliweyo kwiingxelo kuyahambelana nokwenzeka ngaphandle.

“Njengeenkokheli, akufanelanga sihlale e-ofisini okanye sihlale ezitulweni, kufanele sithi gqolo siphume siyohlola iiprojekthi ngokukwethu. Oku akuchazi ukuthi asizithembi iingxelo zabasebenzi, kodwa yinxalenye yomsebenzi wethu ngokwezifungo zethu esazithatha ukuthi sizakusebenzela uluntu ngaphantsi kwazo naziphi na iimeko,” utshilo uceba Nxumalo. Uqhube wathi utyelelo lubalulekile ngoba bayakwazi ukungenelela apho kukhona imiceli mngeni ekhokhelela ekusileleni kwezinye iiprojekthi.





**Usodolophu osebenza nzima, uceba Z. D. Nxumalo kunye nosomlolo, S. Mdunge bakhetha ukushiya ii-ofisi zabo ezintle bayobukela inkqubo kwiiprojekthi.**

# Sodolophu: "Iqala kubazali, kuqala..."












**Inkqubo yokutshintshwa kwezimilo ejonge ekufundiseni uluntu ngokutshintsha indlela yokuziphatha, ibibanjelwe eSheshe Hall oFafa, kwaWard 3, nalapho usodolophu, uceba Z. D. Nxumalo ebongoze abazali ukuba ngumzekelo omhle. Ooceba, uluntu, amasebe ohlukeneyo kuquka elezempilo, neliqhube ezalo iinkqubo kuluntu obeluzimase lo msitho.**

USODOLOPHU woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo, ukhokhela phambili, njengomzali ngokwakhe, ukhuthaza abazali ukuba ngumzeko kubantwana babo ukuncedisana nabo.

Kodwa kweli lixa usodolophu unombono oluqilima wokuba kufanele kuqale kubazali kuqala.

Inkqubo "yomzekelo wokuziphatha" ibukhokhelwe nguNxumalo njenge nxalenye yoxanduva lukarhulumente ukuthetha ngokuguqulwa kwesimilo kubantu abatsha, kodwa ngokucacileyo kwindawo akakuyo ukuba kufanele kuqale abazali kuqala babe ngumzekelo ebantwaneni.

Usodolophu ukuthethe oku ngethuba kuqhutywa umgushuzo wotshintsho lokuziphatha eSheshe Hall e-Ofafa kutshanje.

Injongo zalo mgushuzo kukufundisa uluntu ngotshintsho lokuziphatha, ukusetyenziswa kweziyobisi nokunikezela ngeenkonzo zezempilo.

Ethetha noluntu, usodolophu uthe kubalulekile ukuba abazali babengumzekelo emakhayeni abo.

"Abazali mababe ngumzekelo, indlela esithetha ngayo nesiziphatha ngayo emakheyeni ethu kufanele kube yindlela elungileyo abantwana abanokufunda kuyo. Kufanele sibambe iingxoxo nabantwana ngemiba yezesondo nendlela yokuziphatha," utshilo usodolophu Nxumalo.

Uqhube wathi kukhona umnceli mngeni wentswela ngqesho, ukukhulelwa kwabantwana abancinci kunye nokusetyenziswa kweziyobisi, okubangwa ngamanye amaxesha, kukungaziphathi kakuhle ebantwaneni bethu. Ukwacebise ukuba uluntu maluphindele kundalashe kube khona izitiya emakhayeni abo, apho bezakutyala khona iziqhamo kwanokugcina abantwana bexakekile, ngakumbi ngexesha lokuvalwa kwezikolo nangeempela veki.

Umgushuzo wotshintsho lokuziphatha usungulwe yi-ofisi yolawulo lwe HIV ne AIDS kwi-ofisi yenkulumbuso ngaphakathi kwi-ofisi kasodolophu, kwizinga lesiThili (UMasipala wesiThili iHarry Gwala).

# "Masenze okungileyo, nokuba akukho mntu ojongileyo"




**"Azakuphela amathafa kubasebenzi bakamasipala abohlulwa kukwenza okulungileyo." Lo ngumyalezo wenkqubo ethi: '*Ndenza okulungileyo nokuba akukho mntu ojongileyo.*' Lo msitho, nobubanjelwe ePeace Initiative Hall e-Ixopo uthetha ngemiba yokutyiwa kwemali nobuqhophololo. Usodolophu waseBuhlebezwe uceba E. B. Ngubo, owaseMzimkhulu uceba J. Msiya nowaseDr. Nkosazana Dlamini-Zuma uceba S. Msomi, obizwa uMaJobe, nabo bebezimase lo msitho.**

UKUKHUTHAZA umoya wokukhetha ukwenza yonke into ngendlela elungileyo kwabalawuli ngenjongo yokufundisa isimilo, ukuziphatha nobuchwepheshe kubasebenzi boluntu, iNkulumbuso yaKwaZulu-Natal uSihle Zikalala usungule inkqubo enesihloko esithi "Ndenza okulungileyo, nokuba akukho mntu ojongileyo"

Iinjongo zalo mgushuzo kukuba ngalo lonke ixesha bahleli bekhumbula ukuba imali nezinto zikarhulumente akuzozabo, okanye ezeentsapho zabo nabahlobo babo, kodwa kufanele zihlonitshwe ngendlela yokuba bahlale bekhumbula ukuba zezokuphucula nokusebenzela uluntu.

Ikhwelo likaNkulumbuso Zikalala ligxininisiwe ukuqinisekisa ukuba le nkqubo uyaqhubeka ukuze kwaziwe ukuba kuyaqhutyekwa kuliwa nobuqhophololo.

Umsitho wokusungula le nkqubo ubuzimaswe ngabahlawuli beenkonzo zikamasipala. Usungulwe kwiindawo ezahluka-hlukeneyo ephondweni. UMasipala wesiThili iHarry Gwala nawo uzeke mzekweni.

Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Z. D. Nxumalo ubambele lomgushuzo ePeace Initiative Hall e-Ixopo kutshanje. Usodolophu wenze intetho yakhe yokuvula lo msitho wathi, kubalulekile ukuba sonke isikhokhelo kumasipala sibe nolwazi ngemigushuzo elolu hlobo, wabakhuthaza ukuba bangahendeki bazibandakanye kwizenzo zobuqhophololo.

"Lo mgushuzo ubalulekile ukukhumbuza wonke ubani ngezinto ekufanele bazenze emsebenzini, ukwenza okulungileyo nokuba akukho mntu ojongileyo. Oku kubalulekile ukuze kuphucuke ukuhlanjiswa kweenzonzo," utshilo usodolophu Nxumalo.

UMasipala wesiThili iHarry Gwala noomasipala basekuhlaleni abangaphantsi kwakhe basungule umthetho wokunqanda ubuqhophololo, icebo, uhlelo lokusungula nomthetho wesipho ukulwa nobuqhophololo. Kukhona nomthetho wokukhusela abo abathi baxele abantu abenza izenzo zobuqhophololo.

UNxumalo uthe bonke oomasipala abakwesisiThili banemiqulu yobungozi bobuqhophololo enceda ukunciphisa ukwenziwa kobuqhophololo. "OoMasipala bethu baneekomiti zolawulo lobungozi ezisebenza ngobuqhophololo nolawulo lwezimilo. Zonke ezikomiti zichotshelwa ngoosihlalo abazimeleyo. Oomasipala basungule amaqumrhu okuqondiswa kwezigwegwe ajongene nokusetyenziswa gwenxa kwezimali," ugqibele ngelitshoyo usodolophu.

# I-CEO yeHarry Gwala Development Agency igaleleke ngesantya esikhulu

**Umasipala wesiThili iHarry Gwala uqeshe i-CEO entsha, u-Antoinette Whyte kwicandelo lophuhliso, iHarry Gwala Development Agency (HGDA).**




**I-CEO yeHarry Gwala Development Agency uNkszn Antoinette Whyte.**

I-CEO entsha yeHarry Gwala Development Agency ayichithanga xesha, igaleleke ngesantya esikhulu, nalapho ingakufihlanga ukuba injongo yakhe kukuvuselela imigushuzo, ekuluxanduva leli candelo ukuqala umsebenzi walo wokuqhuba indlela yezomnotho weHarry Gwala ukusukela ngomhla wokuqala kweYeKhala 2022.

UWhyte unezifundo zeziqu kwi-Institute of Business Management neNational Diploma kwiBusiness Management, iBA, Majors in Development Studies and Political Science yaseUNISA, nase-University of Pretoria, NQF 6 kwi Executive Leadership Development Programme eWits, NQF 6 – Certificate Programme in CPMD. Wenza izifundo ze LLB e UNISA.

Ulwazi nesakhono sakhe sibonakala ekuphuhliseni, walawula waze wakhulisa icandelo lophuhliso lomnotho ekuhlaleni kuMasipala iGreater Kokstad, nebeliphethe iSmart City Development Strategy eKokstad, nekhulise ugcino-mali oluqikelelwa kwizigidi ezingama R147 ngesithuba seminyaka emihlanu, wadala amathuba emisebenzi angaphaya kwe2000 nge-Expanded Public Works Programme (EPWP) kwanokusebenzisana noSANRAL kumsebenzi iKokstad N2 Interchange, wakhulisa oosomashishini iiSMME, wakhulisa nezolimo esebenzisa iiprojekthi zikamasipala. Eyona egqwesileyo yiprojekthi iFranklin Hydroponic Tunnel esele iqinisekise amalungiselelo engeniso ukuqala kwayo.

Xa ebuzwa ngeenjongo zakhe namaphupho akhe, uphendule wathi, “Ukuphila injongo yam.” Ukholelwa ukuba uxanduva lwakhe “kukutyebisa umhlaba, atyale imithi ezakuba ngumthunzi nokondla izizwe ezilandelayo.”

UWhyte ukholelwa kakhulu ekusebenzeni ngokubambisana. Uza nobutyebi nolwazi, isakhono nolwazi lwakhe lokuqinisa ubudlelwane.

Ukubeka umsebenzi we CEO ngokucacileyo, iHarry Gwala Development Agency yasungulwa ngomnyaka wama2012, eligatya loMasipala wesiThili iHarry Gwala, umsebenzi wayo kukuchonga iindawo zophuhliso, ukwenza amacebo ophuhliso lwezomnotho, ukufumana inkxaso nokwenza icebo kwezomnotho, kuquka ukuncedisa amashishini iiSMME kunye neendlela zokudala amathuba emisebenzi. Eli qumrhu libe nemiceli mngeni eliqela ngokuhamba kweminyaka, owakutshanje kukungasebenzi kakuhle kweli qumrhu.

Icebo lakhe lokukhulisa ngexesha elifutshane, eliphakathi nelide, injongo engundoqo kaWhyte kukuvuselela ukusebenza kweliqumrhu ngokutsala ingcino-mali kwisiThili ngokubambisana namaqumrhu abucala, amaziko axhasa ngezimali nokufumana indlela yamathuba kwiiSMME egxile kumaqela angundoqo karhulumente.

Xa ebuzwa ukuba yintoni esele eyifundile njengoba eyi-CEO, uthe, akusosifundo koko sisikhumbuzo sokuba “siliqhakamshelo elinye elincinci kwiqumrhu lonke lobomi kwaye kufanele uhlale uqinisekisa ukuba wonke umntu osecaleni kwakho uneenjongo ezifanayo nezakho.”

Xa engekho semsebenzini, uthanda ukufunda achithe ixesha nosapho lwakhe nabahlobo bakhe ngokuthula. “Usapho lubalulekile, luyintsika yakho, abahlobo bazizipili zakho,” uqhube watsho.

Kumbuzo wokuba yintoni emvusayo ekuseni? Uphendule wathi: “Zimbini ‘iintsimbi ezindivusayo,’ eyokuqala yintombi yam kunye noxanduva lwam lwemihla ngemihla lokuba ngumama oqotho kunye ngokuthi ndisabele zonke izidingo zakhe, ndimfundise ukuzimela nokuziphendulela, nokumxhobisela uhambo lwakhe kobu bomi. Eyesibini – ithemba lokuba ngezenzo zam, iimpilo zabantu abaninzi zizakutshintsha zibe ngcono. Ukuphila ilifa lam.”







Amakhosi neeNduna eziphuma kwiindawo ezahlukeneyo zesiThili iHarry Gwala zizimase i-IDP.

# Usodolophu Nxumalo ubenebhunga neenkokheli zemvelo

KWIPHULO lokuqinisekisa ukuba iinkokheli zemvelo zidlala indima ebalulekile kuhambiso lweenkonzo nguMasipala wesiThili iHarry Gwala, usodolophu, uceba Z. D. Nxumalo uthabathe inyathelo lokuqala ngokuxoxa neenkokheli zemvelo malunga nohlahlo lwabiwo mali lomasipala, nokuthi icakacwe kanjani ukuphendula izidingo zabantu besisiThili.

Injongo kukuquka lonke uluntu kungajongwanga kuphela izimvo zoluntu ngeenkqubo zokubandakanya uluntu ezoyamene ne-IDP xa kusenziwa uhlahlo lwabiwo mali.

Kodwa, le nkqubo ekhankanywe ngasentla yokubandakanya uluntu ayizinqandi iinkokheli zemvelo ukuba yinxalenye yazo, koko usodolophu, uceba Nxumalo, ubone kufanelekile ukuba abanike ixesha labo elikhethekileyo, nalapho bezakukhululeka baxoxe noMasipala ngqo.

Uceba Nxumalo ubeke etafileni uhlahlo lwabiwo mali kulawulo lwemvelo, nenconyiweyo, ngakumbi indawo ethetha ngemiceli mngeni yoluntu, kakhulu abo abahlala kwiindawo ezisemaphandleni.

Usodolophu, uceba Nxumalo uthe kubalulekile ukuthi Amakhosi kunye neeNduna zazi ukuba umasipala uceba ntoni malunga nohlahlo lwabiwo mali.

“Umasipala uqhubeke wabamba iiseshoni zokubonisana ngohlahlo lwabiwo mali, kungoko bekudingeka ukuba sixoxe nolawulo lwemvelo ukuze izimvo neziphakamiso zabo zithathelwe ingqalelo nguMasipala,” utshilo usodolophu Nxumalo.

Usodolophu ukwakhuthaze Amakhosi ukuba athethe noluntu xa uMasipala emema abantu kwi-IDP and Budget Izimbizo, ezingecebo lokuhanjiswa kweenkonzo kwanengxelo ngenkqubo yeeprojekthi eziqhubekayo.

Ukwathethe ngommba wokubalwa kwabantu eMzantsi Afrika (CensusSA), ukuthi abantu bavume ukubalwa ngabasebenzi bakwaCensus nanjengoko kuza kunceda urhulumente ukwazi inani labantu kweli lizwe, kunye nesimo soluntu ukuba zingaphi izifundiswa ezinemfundo enomsila ezihleli emakhaya nokuthi ingasonjululwa kanjani na le ngxaki.

“NjengoMasipala sixhomekeke kakhulu kuni njengaMakhosi neeNduna ukuthumela umyalezo wokuhanjiswa kweenkonzo kubantu benu.”

“Sifuna ukuva ukuba nifuna ukubona uphuhliso olunjani, ngubani odinga amanzi neenkonzo zethu kuluntu lwenu. Kwezi ntlanganiso sixoxa ngeendlela zokwenza ngcono apho kubaluleke ukwenza njalo khona,” utshilo uceba Nxumalo.



Usodolophu wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo ecinga ngemiba ebalulekileyo ngelixa kusungulwa uhlahlo lwabiwo mali lonyakamali wama 2022/23.



Usomlomo S. Mdunge ethetha naMakhosi kwintlanganiso ye-IDP ibibanjelwe eSoweto Hall e-Ixopo.



INkosi uV. V. Zimema uZimema ukuba athethe noMakhosi kwintlanganiso ye-IDP.

Uqhube wanika Amakhosi iinombolo zakhe ukuze baxhumane naye nokuba kungantoni na ngokoyamene nemiceli mngeni yokuhanjiswa kweenkonzo.

“Kuyadingeka ukuba umasipala neenkokheli zemvelo zisebenzisane ukuphuhlisa uluntu esilukhokhelayo,” utshilo usodolophu Nxumalo.

UNkosi Phathisizwe Chiliza, owayesakuba ngusihlalo wendlu yeenkokheli zemvelo Kwa-Zulu Natal, ethetha kwezingxoxo, wenze ilizwi lombulelo ngobudlelwane obuphakathi kwaMakhosi noMasipala wesiThili iHarry Gwala.

Ukwakhuthaze iinkokheli zemvelo ukuba zisebenzisane nooMasipala ukuze kukhawuleziswe ukuhanjiswa kweenkonzo.







## INKQUBO YOKUBONELELA AMANZI EHIGHFLATS

LE projekthi ikuWard 13 ngaphantsi koMasipala Ubuhlebezwe ngaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala.

Le projekthi iquka ukwakhiwa kweendawo zoompompi ukuqinisekisa ukuba uluntu lufumana amanzi oneleyo, akhuselekileyo nacocekileyo.

Ilali ezakuxhamla kule projekthi yindawo yoogobityholo iHighflats.

Zonke iiprojekthi eziqhubayo zihambisana nemithetho neenkqubo ze-EPWP. Unokhontilakha kufanele asebenzise iindlela zokuqesha zekontilakha kangangoko anakho, aphucule ezempilo nococeko endaweni ngenxa yeprojethi.

**Iinkcukacha zeprojekthi**

| | |
|---|---|
| Umhla wokuqala: | 12 April 2022 |
| Umhla wokugqiba: | 12 December 2022 |
| Ixabiso leprojekthi: | R 8 044 554.48 |

**Iqela leProjekthi:**

| | |
|---|---|
| Abacebisi bobuNjineli: | Lesedi Technical Engineering Consulting |
| Iikontraka: | Makize's Plumbing and Projects (PTY) LTD |

**Ubungakanani bemisebenzi**

(a) Ukusekwa kwendawo
(b) Ukususwa kwesiza
(c) Ukombiwa kwemingxuma yemibhobho
(d) Umandlalo wombhobho, ukulaliswa kunye nokuzaliswa ngasemva
(e) Ufakelo lwe-10 Nomb. lwemibhobho emileyo
(f) Uvavanyo lwemibhobho
(g) Ukuxhotyiswa kweNombolo emi-2 yeBoreholes eHighflats ukuya unikezelo Tank ephakamileyo
(h) Unikezelo kunye noFakelo lwe-150kl ecinezelekileyo itanki yentsimbi kwi-10m ukuphakama
(i) Ukucocwa, ukuCoca nokucinywa
(j) Ukubuyisela yonke imimandla echatshazelwa yimisebenzi kwimeko ifunyenwe ekuqaleni ukusuka ekuqaleni komsebenzi

## UMASIPALA WESITHILI IHARRY GWALA UBAMBE ITHEKO LOTHWESO-ZIDANGA LWE-EPWP KWEYESILIMELA 2022

UMasipala weSithili iHarry Gwala ubambe itheko lokuthwesa izidanga bonke abo ebebeyinxalenye yeeprojekthi ze-EPWP kwisiThili sonke kweYeSilimela 2022.

Ukubonakalisa umbulelo kubo, bawongwe ngeziqinisekiso ezibonisa ukuba bawugqibile umsebenzi kwiinkalo ezahlukeneyo ezifana nezi:

- Ukufakwa kweemitha zamanzi
- Ukucocwa kwamaziko kunye nezakhiwo ezizi-ofisi
- Ukugcina ii-ofisi zikwimeko efanelekileyo
- Ukufunda iimitha zamanzi
- Ukuqokelela ulwazi malunga nemizi
- Ukufakwa kwemibhobho
- Ukurekhodwa kwedatha

IsiThili iHarry Gwala idale amathuba emisebenzi ali-1 100 ngokuphunyezwa kweeprojekthi ezingundoqo kunye nokubonelela ngenkxaso-mali yenkuthazo.








# UCWEYO LEBATHO PELE





UMASIPALA uchonge isidingo sokuqhuba ucweyo lweBatho Pele oluntsuku mbini kubasebenzi bomasipala.

Olu cweyo belubanjwe ngama21 nama22 KweyeSilimela 2022. Olu cweyo lugxile ekwenzeni iBatho Pele isetyenziswe emisebenzini, nokuqinisekisa ukwayamaniswa kwemithetho yeBatho Pele kwiintlelo zomsebenzi woMasipala.

Olu cweyo luzakunceda abasebenzi ukubuyisa izakhono nolwazi lwemithetho yeBatho Pele.

Kwintetho yakhe yokuvula iBambela Mphathi kaMasipala uNkz. T. T. Thiyane-Magaqa ucacise ukuba iBatho Pele ayihambi nje yodwa, koko le mithetho yenzelwe ukuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo.

# IPROJEKTHI YOKUKHUSELA ENTSHASAKO

**Imvelaphi**

UMasipala wesiThili iHarry Gwala (HGDM) ngomnye woomasipala bolawulo lweenkonzo zamanzi (WSA) kwiphondo laKwaZulu-Natal. I-HGDM inoopasipala abane basekuhlaleni: Ubuhlebezwe, Umzimkhulu, Greater Kokstad kunye neDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, nezikuluhlu lweendawo yeenkonzo zamanzi ngokoyamene nokuhlinzeka ngeenkonzo zamanzi. Uninzi lweelali ezingaphantsi komasipala wesiThili iHarry Gwala sizaxhomekeke kwiindawo ezizimele zeenkonzo zamanzi, ezisisisombululo sethutyana ezihlinzeka ngamanzi acocekileyo kuluntu, ngelixa umasipala esungula iiprojekthi unyaka nonyaka ezizakuhlinzeka ngamanzi asisixa acocekileyo asuka kwimithombo ethembekileyo.

UMasipala wesiThili iHarry Gwala wenze uhlelo loshishino oluzakuxhaswa ngezimali ngaphantsi kwenkqubo yongenelelo lokukhawuleziswa kwamanzi eyanikwa uGoGTA ephondweni, ukucela inkxaso kunyaka mali wama2021/2022. Injongo yoluhlelo loshishino ibikukuthetha ngokunqongophala kwamanzi, nokusombulula ukusilela isiThili esijongene nako sokuhlinzeka ngamanzi acocekileyo.

**Ungenelelo**

IsiThili sichonge uphuhliso lokhuselo lemithombo yamanzi ukusombulula umnceli mngeni wamanzi ojongene naso ngokwe Provincial Water Masterplan eyenziwe ngu CoGTA. IsiThili siqeshe unokhontilakhi ukuze bathethe ngemiceli mngeni ekhankanywe ngasentla.
Kulandelwe yonke imithetho edingekayo xa kuzakuchongwa oonokhontilakha:

- Mthuthukiswa Construction Pty Ltd
  Uqeshelwe ukukhusela imithombo kwiilali zoomasipala basekuhlalei Umzimkhulu, Dr. Nkosazana Dlamini-Zuma, kunye noBuhlebezwe ngaphantsi kwe:
  contract number: HGDM757/HGDM/2022.

**Umsebenzi**

Umsebenzi wokukhusela umthombo uquka ukwakhiwa kwe v-box, ukufakelwa kwetanki eligcina amanzi elingama-5 000L, ukwakhiwa komzila wemibhobho esuka kwi v-box eya etankini, ukufakelwa kwempompi, ukubiyelwa komthombo nokufakelwa kwesango labahamba ngeenyawo.







**Abaxhamli**

Ukwakhiwa kweeprojekthi ezikhankanyiweyo kugqityiwe, abantu abakhankanywe ngezantsi bayaxhamla kule nkqubo:

| No. | Umasipala wasekuhlaleni | Ilali | IWadi | Inani labantu kumzi ngamnye |
|---|---|---|---|---|
| 1 | Dr. Nkosazana Dlamini-Zuma | Dumabezwe | 13 | 70 |
| 2 | | Mpthini | 12 | 43 |
| 3 | | Qulashe | 6 | 34 |
| 4 | | Scedeni | 6 | 21 |
| 5 | | Mpumulawane | 5 | 31 |
| 6 | | kwaPhini | 9 | 54 |
| 7 | uBuhlebezwe | Ncakubane | 1 | 21 |
| 8 | | Gudwini | 8 | 42 |
| 9 | | Nhlawukeni | 8 | 39 |
| 10 | | Goxe | 8 | 41 |
| 11 | | Nhlangwini | 8 | 40 |
| 12 | | Nhlawukeni | 8 | 35 |
| 13 | | Sigcakeni | 8 | 65 |
| 14 | | Springvale | 9 | 35 |
| 15 | UMzimkhulu | Ntshongo | 10 | 70 |
| 16 | | St Patrick | 1 | 61 |
| 17 | | Nozingili | 3 | 90 |
| 18 | | Nazareth | 7 | 85 |
| 19 | | Phelanyoni | 8 | 105 |
| 20 | | Esikhulu | 18 | 76 |
| 21 | | Mbumbane | 12 | 90 |

# IIPROJEKTHI ze-WSIG

## IINJONGO ZEEPROJEKTHI

Injongo yale nkqubo kukuqinisekisa ukuba uluntu loMasipala wesiThili iHarry Gwala luyakhululeka kuxinzelelo olubangelwa kukunqongophala kwamanzi acocekileyo, athembekileyo kwaye esezingeni elamnkelekileyo. Oku kwenzeka ngenxa yongenelelo lokufakelwa kwamanzi ngenxa yenkxaso esuka kwisebe lamanzi nogutyulo ngaphantsi kweWSIG. I-WSIG izakuhlinzeka indawo enkulu ngaphantsi komasipala ngenjongo yokulwa nokusilela, ikhawulezise ukuhanjiswa kweenkonzo kunye nezidingo zamanzi nolawulo lokonga.

## IGAMA LEPROJEKTHI:
**NOKWEJA-MASHUMI WATER SUPPLY**

| | |
|---|---|
| **Unokhontilakhi:** | **Nomafusi Projects JV Kuyazanywa Construction** |
| **Ixabiso leprojekthi:** | **R3 500 330.52** |
| **Isimo:** | **Okusebenzayo Kugqityiwe** |

## IMVELAPHI:

INokweja Water Supply Scheme yenziwa ziilali eziyi19. Eli ziko leenkonzo zamanzi lihlulahlulwe kalishumi elinesibini (Reservoir B ukuya kuReservoir F, Res 2 ukuya kuRes 8) ekuphakameni kumatanki agcina amanzi ahlinzeka eli ziko. INokweja Water Supply Scheme inomthombo wamanzi, kunye nemiceli mngeni yomzila wokuhambisa amanzi, kungoko amanzi engafikeleli kwezinye iilali ezihlinzekwa leliziko lamanzi. Kungoko le projekthi igxile kakhulu kungenelelo lwexesha elifutshane lokusombulula ukunqongophala kwamanzi kuZone E no F, eziquka iilali ezilandelayo: iNokweja, Ramaphosa, Nongongonini, Nkomeni, Two thousand naseMawusheni. Imithombo emibini etsala amanzi ngaphantsi komhlaba enempompo yesandla ichongwe kwiilali iNokweja neNongongonini nekuzaqhuba kuzo le projekthi. I-ZCE iqeshe iGeo-Hydrology ukwenza uvavanyo lokuvuna ukuze kubonakale ukuba zeziphi iindawo ezifumanekayo ekuzatsalwa kuzo amanzi, kwanezinga lalemithombo emibini. Le mithombo emibini ifunyaniswe inamanzi awoneleyo ukuhlangabezana nezidingo zika Zone E no F eNokweja WSS kwizinga elingu 25l/d/ca. Le projekthi izakunceda abaxhamli abangama816. Ngenxa yokusilela kuka-Eskom ngofakelo lombane, le project iye yasilela. Okwangoku, sifakela iigenerator ukuze sisebenzise zona. Zombini izindlu zokuphehla amanzi zineegenerator ezahlukeneyo.

Itafile 2 ngezantsi ibonakalisa iindawo zeelali ekufundwa ngazo kule ngxelo:

| No | Ilali | Indawo | | IWadi | UMasipala wasekuhlaleni |
|---|---|---|---|---|---|
| | | Ubude | Ububanzi | | |
| 1 | Kwa Ramaphosa | 30° 1’54.96”E | 30°16’57.92”S | IWadi 11 | Ubuhlebezwe LM |
| 2 | Kwa2000 | 30° 1’34.12”E | 30°17’49.75”S | | |
| 3 | Nkomeni | 30° 1’40.23”E | 30°19’26.14”S | | |
| 4 | Ngongonini | 30° 2’4.83”E | 30°18’13.32”S | | |
| 5 | Africa/Nokweja | 30° 1’38.70”E | 30°17’19.75”S | | |
| 6 | Mawusheni | 30° 0’33.11”E | 30°18’18.41”S | | |

## ISISHWANKATHELO SEPROJEKTHI

Ukwakhiwa kwemibhobho ehambisa amanzi (rising main) ukusuka kwimithombo emibini (omtsha nomdala) ukuya kwitanki eligcina amanzi elidala kwindawo yakwaNokweja.

Le projekthi iqale nge 27 kuTshazimpunzi 2021 yagqitywa nge 30 kweYoMsintsi 2021. Injongo zale projekthi kukuhlinzeka uluntu ngamanzi acocekileyo.



**Indlu ephehla amanzi enomthombo otsala amanzi ngaphantsi komhlaba ngaphakathi.**



**Umngxuma wokuxhuma amanzi kwitanki eligcina amanzi.**



**Ii-Generator zediesel.**

## IGAMA LEPROJEKTHI

**CAPITA INFRASTRUCTURE REFURBISHMENT/ UPGRADE KUMASIPALA WASEKUHLALENI UMZIMKHULU**

| | |
|---|---|
| **Unokhontilakha:** | **Novubu Construction** |
| **Ixabiso:** | **R21 542 977.87** |
| **Isimo:** | **Iyagqityezelwa** |

### IMVELAPHI:

Ukuphuculwa kweziko elitsala amanzi kumfula Umzimkhulu kuyinxalenye yophuhliso lwezakhiwo olungundoqo kwiilali eziphantsi komasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu, nenjongo yayo ikukuhlinzeka ngamanzi kwiilali ezingqonge Umzimkhulu ngaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala. Le projekthi ijonge ukuphucula iingxaki ezikhona kumanzi angacocwanga oMzimkhulu River.

### ISISHWANKATHELO SEPROJEKTHI:

Iinjongo zeprojekthi kukuphononongа kwakhona, ukwengeza nokuphucula iziko elisetyenziswayo, igcine ukusetyenziswa kwemithombo yamanzi kwidolophu yaseMzimkhulu kunye nokudala amathuba emisebenzi kubantu abambalwa. Ukwakhiwa kwendlu ephehla amanzi yesamente, kuquka ukusetyenzwa komhlaba ngendela engazukuwukhukhulisa. Ukufakelwa kwempompo nezixhobo ezihambelana nayo, oomatshini kunye nombane. Ukwakhiwa kwendlela ekhonkiwe. Ukulungiswa kwendawo yentsebenzo apho kubaluleke khona. Ukwakhiwa kwe450mm PVC Class 16. Ukwakhiwa kwebhulorho yentsimbi ngaphezu komfula iMvubukazi. Le projekthi izakunceda imizi engama2 287. Iprojekthi ineGenerator ye diesel ephehla umbane nanjengoko u-Eskom esilela ekufakeni umbane. Yi projekthi yokuqala ngaphantsi kweWSIG ukusungulwa lisebe leenkonzo zamanzi yaze yagqitywa ngexesha ebelibekiweyo. Sele isebenza isetyenziswa ngabasebenzi bethu.

### INDAWO

Indawo izinze ngolu hlobo: 22 22' 22"E 33 33' 33"S


**Indlu ephehla amanzi Inhlambamasoka.**


**Indlu ephehla amanzi egqityiwe.**


**Umgangatho wendlu ephehla amanzi.**


**Indlu ephehla amanzi iMbizweni.**


**Iimpompo ezimbini.**


**Igqiza laseHGDM, ukusuka ekhohlo ukuya ekunene: Sibusiso Madlala, Nokukhanya Mkhize oyiPlumber, umphathi we projekthi.**

## IGAMA LEPROJEKTHI:

**CONSTRUCTION OF WATER SUPPLY INFRASTRUCTURE YEELALI EZICHONGIWEYO EMZIMKHULU – MASAMINI – MBUZWENI WATER SUPPLY**

| | |
|---|---|
| **Unokhontilakhi:** | **Boboshe Trading Enterprise** |
| **I-sub-Contractor 1:** | **Mnotho Investment (Pty) Ltd JV Sibalukhulu Trading** |
| **I-sub-Contractor 2:** | **Vigour Health Star (PTY)** |
| **Ixabiso:** | **R 14 775 359.82** |
| **iSimo:** | **Igqityiwe** |

### IMVELAPHI:

IMasamini Mbuzweni Water Supply Scheme yenziwa ziilali ezisixhenxe (7) ezilandelayo: (Sangweni, Rauka, Nonginqa /Nkukhwini, Nqokozweni, Dumisa, neMyembe), zonke zingaphantsi komasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu (ULM), nekungomnye woomasipala abane abangaphansti kweHGDM. UMasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu uneelali ezininzi eziphantsi kolawulo lwemvelo. I-90.8% yoluntu lwalapha luhlala endaweni ezisemaphandleni, i9.2% eshiyekileyo ihlala ezidolophini. Umzimkhulu yidolophu engaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala kwiphondo iKwaZulu-Natal eMzantsi Afrika. Idolophu yaseMzimkhulu ikwindawo engama243km kumntla-mpuma woMthatha ne18km kumtla-ntshona, yenza umda kumphandle weentaba zeDrakensberg kufuphi noWard 1

womasipala wasekuhleleni Umzimkhulu.

Abaxhamli bale projekthi ngabantu abangama11 200 abahlala kwiilali ezisixhenxe (7). Injongo yokusungulwa kwale projekthi kukulungisa ukusilela okukhulu ukuhlinzeka ngamanzi acocekileyo kuluntu olungathathintweni lomasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu.

Itafile 1 ngasezantsi ibonisa ukukhula kweminyaka engama20 kwabantu kwilali nganye ukusukela kuma2020 ukuya kuma2040:

*Itafile 1: Inkcukatha zamanani abantu eelali ezisixhenxe:*

| Ilali | Unyaka obalwe kwimizi ka-2020 | Kubalwe unyaka wabemi ngo-2020 | Uqikelelo lwabemi ngeRayithi yokuKhula 0,5% p/a | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | Ngo-2025 | Ngo-2030 | Ngo-2035 | Ngo-2040 |
| Dumisa | 1129 | 5645 | 5788 | 5934 | 6084 | 6237 |
| Myembe | 233 | 1000 | 1025 | 1051 | 1078 | 1105 |
| Nonginqi | 532 | 2590 | 2655 | 2722 | 2791 | 2862 |
| Nkukhwini | 180 | 400 | 410 | 420 | 431 | 442 |
| Nqokozweni | 143 | 715 | 733 | 752 | 771 | 790 |
| Rhuwaka | 150 | 750 | 769 | 788 | 808 | 829 |
| Sangweni | 20 | 100 | 103 | 105 | 108 | 110 |
| Iyonke | 2387 | 11 200 | 11 483 | 11 773 | 12 070 | 12 375 |

Inani lokuxhunywa kwamanzi kwizinga eliphantsi:

**Sangweni** **20 amakhaya**
**Nonginqi** **429 amakhaya**

Inani lendawo eziphuculiweyo zokuxhunywa kwamanzi:

**Dumisa** **1129 amakhaya**
**Nonginqi** **103 amakhaya**
**Nkukhwini** **180 amakhaya**
**Nqokozweni** **143 amakhaya**
**Rhuwaka** **150 amakhaya**

Ngenxa yohlahlo lwabiwo mali ilali enye, iMyembe, ayikwazanga kuphuculwa ngenxa yokongezwa komsebenzi.

Kungoko inani lamakhaya ancediweyo lingama2 154. Iziphumo zophando olwenziwe lwaleprojekthi zingqine ukuba, ezilali zinezakhiwo ezindala okanye ezingonelanga okanye akukho mithombo yamanzi, ukunqongophala kwezakhiwo, kwindawo ezininzi imithombo yamanzi ayikhuselwanga kwaye namanzi awakhuselekanga ukuba angaselwa ngabantu, uninzi labantu luhamba imigama emide ukuyokha amanzi.

Kungoku nje le projekthi sele incede abantu abahlala kwezi ndawo ngokubenzela izakhiwo ezifanelekileyo namanzi acocekileyo, abawafumana kumgama ongama200m ukusuka kumakhaya abo. Kulula nakubantu abadala ukufumana amanzi ngokukwabo nanjengoko amanzi ekufuphi namakhaya abo.

Zonke iikona zeendawo ezinoompompi zifakelwe iivaluva ezikwazi ukumisa ukuhamba kwamanzi okanye ziwahambise xa kwenzeka kuphuke okanye kuvuze umpompi, nekwenza kubelula ukubona iindawo ezifuna ukulungiswa kuxhumano lwamanzi, ukufakelwa kwezixhobo ezintsha kunye nokulungisa ukuhamba kwamanzi kwimibhobho.

## USHWANKATHELO LWEPROJEKTHI:

UMasipala wasekuhlaleni waseMzimkhulu uneelali ezininzi nalapho izinga lentswela ngqesho liphezulu, nabantu baphila ngentlupheko. Kufumaniseke ukuba kule ndawo yomasipala wasekuhlaleni abantu baxhomekeke kwiindawo zendalo ezifana nemifula, imilambo kunye nemithombo ukufumana amanzi aselwayo. Amanzi kwiindawo ezininzi awacocekanga, okwenza ezondawo zibesengozini yokuba neentsholongwane ezifumaneka emanzini ezifna ne cholera nezinye. Izinga lamanzi alikho lihle konke-konke. Amanzi akoompompi nakwimithombo etsala amanzi ngaphantsi komhlaba maxawambi awaphumi. Ezinye zeendawo ezihambisa amanzi zikwizinga eliphantsi kakhulu lokusebenza, kungoko abantu benyanzeleka ukuba bayokha amanzi kwiindawo ezingaphaya kwama200m ukusuka kumakhaya abo.

## USHWANKATHELO OLUBALULEKILEYO:

Umsebenzi ocetyiweyo wezilali ezisixhenxe ohlelwe kule ngxelo uzakhuqhutywa njengenxalenye yesigaba sokuqala seprojekthi, ngelixa iilali ezishiyekileyo zizakulungiselwa kwisigaba sesibini seprojekthi, kuxhomekeke kuhlahlo lwabiso mali. Ezilali ezisixhenxe (7) ezichongiweyo kule ngxelo zingaphantsi kolawulo loMasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu (Umzimkhulu LM ongomye woomasipala basekuhlaleni abane abaphantsi kweHGDM). UMasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu uneelali ezininzi eziphantsi kolawulo lwemvelo. I 90.8% yoluntu lwalapha luhlala endaweni ezisemaphandleni, i9.2% eshiyekileyo ihlala ezidolophini.

Abantu bezilali ezisixhenxe ekufundwa ngazo kule ngxelo baqikelelwa kuma11 200. Ngokwe Harry Gwala WSA yama2018: WSDP-IDP Water Sector Input Report, uMasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu ukwindawo yesibini kumanani aphezulu ukusilela ngeenkonzo zamanzi, kumakhaya angama11 094 xa kuqhathaniswa

nenani elipheleleyo elingama34 287 kuMasipala wesiThili iHarry Gwala wonke.

## INDAWO YEPROJEKTHI

Iprojekthi i-Umzimkhulu Water Supply Scheme yenziwa ziilali ezisixhenxe. Ngaphantsi kubonakaliswa iindawo zezilali ngokwengxelo:

*Itafile 2: Indawo yelali*

| No | Ilali | Indawo | | | UMasipala wasekuhlaleni |
|---|---|---|---|---|---|
| | | Ubude | Ububanzi | IWadi | |
| 1 | Dumisa | 29°43’37.31”E | 30°13’24.15”S | 6 | Umasipala Wendawo uMzimkhulu |
| 2 | Nkukhwini | 29°33’0.39”E | 30°10’13.02”S | 4 | |
| 3 | Sangweni | 29°29’42.45”E | 30° 5’52.76”S | 1 | |
| 4 | Myembe | 29°46’40.83”E | 30°10’38.78”S | 21 | |
| 5 | Ngqokozweni | 29°50’42.30”E | 30°11’52.41”S | 7 | |
| 6 | Rietvlei, Mbuzweni, Rhuwaka | 29°49’17.74”E | 30°29’42.89”S | 12 | |
| 7 | Nonginqi | 29°34’3.64”E | 30°10’9.75”S | 4 | |

# INKQUBO YESOPHULELO

Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo ukhuthaza bonke abahlali ukusebenzisa inkqubo yesophulelo kaMasipala yokuhlawula iinkonzo zikaMasipala.

Ukusuka kweYeSilimela umasipala usungule inkqubo yesophulelo ngenjongo yokuqinisa isiko lokuhlawula iinkonzo zikamasipala zamanzi nogutyulo.

Ngenxa yokukhankanywe ngasentla, uMasipala wesiThili iHarry Gwala ugqibe kwelokuba ophulele bonke abantu abasilele kumatyala abo ngeentsuku ezingaphaya kwe180. Abantu abaselungelweni nabafuna ukuxhamla kwesisaphulelo kufuneka baye kwaMasipala, e-Ixopo, Umzimkhulu okanye eKokstad, bafumane iform yokwenza isicelo sesaphulelo, bakugqiba ukuyigcwalisa bayiphindise kule ofisi bebeyithatha kuyo. Usuku lokuvalwa kwesophulelo yi30 kweYoMsintsi 2022.

Usodolophu Nxumalo uthe: “Uluntu luyakhuthazwa ukuba lusebenzise elithuba lesaphulelo. Xa ungaqinisekanga ukuba wenze kanjani, yiya kwi-ofisi zethu uzakufumana inkcazelo,” kutsho usodolophu Nxumalo..

Isaphulelo sizakusebenza ngolu hlobo olu landelayo:

**1. Amatyala okuhlawulwe kuwo u50% wetyala lonke, ahlawulwe kungaphelanga iintsuku ezingama30 emva kokusayina iform yesicelo sesaphulelo, kuzakucikwa u50% wetyala elishiyekile.**
**2. Amatyala okuhlawulwe kuwo u50% wetyala lonke kungaphelanga iintsuku ezingama 60 emva kokusayina iform yesicelo sesaphulelo, kuzakucikwa u40% wetyala elishiyekile.**
**3. Amatyala okuhlawulwe kuwo u50% wetyala lonke, ahlawulwe kungaphelanga iintsuku ezingama90 emva kokusayina iform yesicelo sesaphulelo, kuzakucikwa u30% wetyala elishiyekile.**
**4. Amatyala okuhlawulwe kuwo u50% wetyala lonke, ahlawulwe kungaphelanga iintsuku ezingama120 emva kokusayina iform yesicelo sesaphulelo, kuzakucikwa u20% wetyala elishiyekile**
**5. Amatyala okuhlawulwe kuwo u50% wetyala lonke, ahlawulwe kungaphelanga iintsuku ezingama150 emva kokusayina iform yesicelo sesaphulelo, kuzakucikwa u10% wetyala elishiyekile**
**6. Abantu abanelungelo kwesi sophulelo abangakwazi ukuhlawula ngeendlela ezikhankanywe ngasentla, bakhuthazwa ukwenza isivumelwano sendlela yokuhlawula noMasipala, ngokoyamene nemiqathango ebhalwe kwiform yokwenza isivumelwano sokuhlawula ityala efumaneka kwi-ofisi zikaMasipala eKokstad, Umzimkhulu nase-Ixopo.**
**7. Abantu bakhuthazwa ukusebenzisa eli thuba lesophulelo.**
**8. Isophulelo asifumaneki kooceba bakaMasipala, amasebe karhulumente namaqumrhu karhulumente.**

**IMIBUZO IJOLISWA:**

**Vuyokazi Mfenqa (Director Income) (039) 834 5529/8700**

**IOFISI YASEKOKSTAD**
**Thando Mdlophane/Qinisile Mchunu (039) 727 2723**

**IOFISI YASEMZIMKHULU**
**Siviwe Mseleku (039) 834 8783**
**Nomathamsanqa Biyase (039) 834 8717**
**Khanyisile Mlaba (039) 259 0500**

**IOFISI ENKULU EXOBHO**
Siviwe Mseleku (039) 834 8783
Nomathamsanqa Biyase (039) 834 8717
Mbalenhle Mzizi (039) 834 8772

**NKOSAZANA DLAMINI ZUMA (INGWE AND KWASANI)**
Siviwe Mseleku (039) 834 8783
Nomathamsanqa Biyase (039) 834 8717
Lwazi Mdladla (039) 834 8722












**Icandelo lezonxibelelwano kuMasipala wesiThili iHarry Gwala libambe ucweyo lezonxibelelwano lwabasebenzi bonke, ukubakhumbuza ukuba unxibelelwano noluntu yinxalenye yokuhanjiswa kweenkonzo. Abo ebebeyinxalenye yolucweyo bafumene ithuba lokubuza imibuzo nokuba yinxalenye yeengxoxo.**

# Ucweyo loluntu

UNXIBELELWANO lubalulekile kuwo nawuphi na umasipala nanjengoko lunika ingxelo ngeenkqubo zikamasipala, lukwakhuthaza ukuzibandakanya koluntu ngaphakathi kulawulo lwasekuhlaleni, njengenxalenye yokwenza izigqibo ngokusebenzisa iindlela ezilungileyo ngezixhobo zonxibelelwano kunye nenkqubo yokubandakanya uluntu.

Kungoko icandelo lezonxibelelwano kuMasipala wesiThili iHarry Gwala liqhube ucweyo lwezonxibelelwano lwabasebenzi, ukubakhumbuza ukuba ukunxibelelana noluntu yinxalenye yokuhanjiswa kweenkonzo.

Icandelo lezonxibelelwano libambe ucweyo lwezonxibelelwano lwabo bonke abasebenzi boMasipala wesiThili iHarry Gwala, ukubafundisa nokubazisa ngomsebenzi weli candelo nokubaluleka konxibelelwano ngaphakathi nangaphandle kumasipala.

Olu cweyo belubalulekile emva kokubona isidingo sokuthetha ngonxibelelwano lwangaphakathi nokusetyenziswa kwamaqonga ezonxibelelwano oluntu kubo bonke abasebenzi.

Olu cweyo belubanjelwe kwiziko lezentlekele kweYoKwindla. Onke amasebe ebebekelwe amaxesha ahlukeneyo okufunda.

Umphathi wezonxibelelwano uMnu. Ndabezitha Tenza ukhokhele inkqubo yolucweyo lwabasebenzi.

UTenza ugxininise ukuba kubalulekile kubo bonke abasebenzi ukuba bazazi zonke iindlela zonxibelelwano zikamasipala kwaye baziqhelanise neendlela zokusebenzisa amakhasi ezonxibelelwano oluntu ngokoyamene nomasipala.



UMasipala wesiThili iHarry Gwala wenze ingxelo kumasekela baphathiswa ngeenkonzo zawo kwiMbizo.




USomlomo uceba Sibongiseni Mdunge, esenza intetho kwiMbizo.





Ibambela mphathi woMasipala wesiThili iHarry Gwala uNksz. Thobile Magaqa noNkszn. Neziswa Lungwengwe.

# Imbizo yoluntu kuMasipala wesiThili iHarry Gwala

USEKELA mphathiswa wesebe lezokuhlaliswa koluntu uPam Tshwete, kunye nabanye oosekela baphathiswa, babize Imbizo yamasebe ahlukeneyo eKromhoek Sports Field, kwaWard 20, kuMasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu kutshanje. Kule ndibano bothule iinkqubo zikarhulumente namacebo oMasipala wesiThili iHarry Gwala (HGDM).

Abanye abaphathiswa ebebezimase Imbizo baquka usekela mphathiswa wezimbiwa namandla, uGqr. Nobuhle Nkabane, usekela mphathiswa wezamahlathi, ukuloba nemicimbi yokusingqongileyo, uNkszn. Makhotso Magdeline Sotyu, usekela mphathiswa womanyano lolawulo lwemicimbi lezemvelo, ojongene nemicimbi yezemvelo, uMnu. Obed Bapela, usekela mphathiswa ebongameleni, uNkszn. Pinky Kekana, usekela mphathiswa wesebe lezolimo, ukulungiswa kwemihlaba nophuhliso lwasemakhaya, uNkszn. Nokuzola Capa kunye nosekela mphathiswa wamapolisa, uMnu. Cassel Mathale.

Usekela mphathiswa wezengqesho nemisebenzi, uNkszn. Boitumelo Moloi kunye nosekela mphathiswa wophuhliso lwamashishini amancinci, uMnu. Sdumo Dlamini nabo bebezimase leMbizo.

Le Mbizo yoluntu ihlasele imiba eyoyamene nokuhlaliswa koluntu, ezolimo, ukhuseleko, uphuhliso lomnotho, amanzi nogutyulo, uphuhliso loluntu nokusingqongileyo. Oku yinxalenye yeenjongo zikarhulumente ezijolise ekukhawuleziseni ukuhanjiswa kweenkonzo ngokweDistrict Developmental Model (DDM).

Usomlomo woMasipala wesiThili iHarry Gwala uSibongiseni Mdunge, esamnkela isikhokhelo kunye noluntu, ugxininise ukuba okubalulekileyo kukusebenza ngokubambisana ukuzisa iinkonzo kuluntu loMasipala wesiThili iHarry Gwala.

"Sisebenza ngokubambisana noluntu nabahlawuli beenkonzo zikamasipala ukuqinisekisa ukuba sihlinzeka uluntu ngamanzi acocekileyo aselwayo. IsiThili sethu sizama ukuphuhlisa ezolimo nezokhenketho," utshilo usomlomo Mdunge.

Umhlali onguNhlakanipho Mofafa, obezimase leMbizo uthe, unethamsanqa ukuba abeyinxalenye yale nkqubo ngoba ithethe ngoloyiko ebenalo ngokuqala ishishini nokufumana ulwazi ngenkxaso karhulumente.

"Le Mbizo izakunceda ngakumbi thina abafuna ukuqala amashishini ethu, sifumene ulwazi ngenkxaso karhulumente nokubalulekileyo ukuthi sikwazi," utshilo uNhlakanipho.

# Indawo yokusebenza enempilo




**Ukuzilolonga bekuyinxalenye yosuku lezempilo nalapho abasebenzi babeka phantsi iisuti namaqhina ukubonisa abanye ukuba kwenziwa kanjani.**

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala ngoLwesithathu, 15 kweYeSilimela 2022, ubambe usuku lwezempilo kwi-ofisi zase-Ixopo, njengenxalenye yenkqubo eqhubekayo yokuphucula nokugcina abasebenzi besempilweni ngokomphefumlo, emizimbeni nakwezezimali.

Le nkqubo ibibanjwe lisebe leenkonzo zemisebenzi (Ezempilo nokhuseleko emsebenzini) esiThilini.

Abasebenzi bezempilo bebemenyiwe ukuze benze uvavanyo lwesekile, uxinzelelo lwegazi, uxinzelelo lwamafutha, amehlo kunye nokuhlolwa kweHIV/AIDS okukhethekileyo. Okunye okwenziweyo kuquka ukufundiswa ngezezimali, iindlela ezohlukeneyo zolawulo emsebenzini, ukulimala emsebenzini kunye nemiboniso yoncedo lokuqala nokuzilolonga.

Ethetha nabasebenzi, umphathi wesebe leenkonzo lezemisebenzi, uNkszn. Neziswa Lungwengwe uthe: “Usuku lwezempilo emsebenzini lunceda ukukhuthaza ukuziphatha kakuhle kwezempilo, nokukwakha ingqondo yokusebenzisana nobumbano. Inganceda abasebenzi ngendlela emnandi nenempilo yokusebenzisana ukuxhumana, bavuseleleke.”

Ukhuthaze abasebenzi ukuba basebenzise iinkonzo abazinikwa felefele.

Ukubasempilweni ngokwezimali bekuyinxalenye ebalulekileyo yalenkqubo nanjengoko ukuba namatyala ngokweqileyo kwabasebenzi kunganemiphumela emibi kuphazamise ukusebenza.



**Abasebenzi bephulaphule ngomdla iingcebiso abazinikiwe eziphathelene nezempilo.**




**Umsebenzi wezempilo nokhuseleko emsebenzini (HOS) uXolo Mhlongo, uthabathe umjovo oyi-booster weCovid-19 ngemini yezempilo kwi-ofisi yase-Ixopo.**



**Abasebenzi bomasipala wesithili saseHarry Gwala bebebuthelene kwaNdlunkulu eXobho kumsitho wokuzinyamekela.**

